


AMAQULA AQHEKEKILEYO

 Masithandazeni. Nkosi, ngoku siyakholwa. Sikholelwa kuNyana kaThixo, kwaye, ngako oku, samkela uBomi obunguNaphakade ngaYe. Ngoku sihlangene kwakhona, ngalemva kwemini, okanye ngolu rhatya, ngenye inkonzo, sithemba Wena ngoMyalezo kunye noko Uyakusixelela ngobubusuku. Siyakukholwa Wena, Nkosi, kwaye silendele kuWe. Kwaye Uthe, “Abo balindele eNkosini bayakuhlaziyeka emandleni; bayakuntingela phezulu ngamaphiko njengokhozi.” Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusinika laMandla okuntingela phezulu, ngobubusuku, njengoko silindele kuWe.

² Sibulela Wena ngaba bantu, kunye noko bakuthethayo kuWe kunye noko bakuthethayo kum. Ndibulela Wena ngalonto, Bawo. Bangamatye Akho anqabileyo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngobubusuku, ukuba UyakuZibonakalisa endleleni, kubo, abanezidingo ngayo. Ukuba kukho ukugula apha, banga bangaphiliswa. Ukuba kukho intandabuzo engqondweni yomnye; yisuse, Nkosi. Kwaye sinike nje uBukho Bakho kunye neentsikelelo Zakho, ngokuba siyazindinga, Nkosi. Ukuko konke ukwanela kwethu. Kwaye, ngaphandle Kwakho, asinakwenza nto.

³ Siyathandaza ukuba Uyakwamkela imibulelo yethu yako konke othe Wakwenza. EGameni likaYesu Kristu sijonge phambili kwiitsikelelo Zakho. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁴ Kwaye, eh, nje ku—kubuphola ngobubusuku baleCawa, apha, kunokuba bekunjalo kubusuku beCawa ephelileyo. Sinombulelo kakhulu kubazalwana bethu abasebenze ngokona kuzinikela ukufaka oku. Ndazi ababini okanye abathathu babo. UMzalwana uMike Egan, njengoko ndibona emva phaya, kwaye ndi...Mzalwana uMike, noMzalwana uSothmann, Mzalwana (ndiyakholwa) uRoy Roberson, noMzalwana uWoods, kunye nabo bonke, babesezantsi apha bebila, bezama ukuyingenisa ukuze sibenaloMyalezo ngoku, okanye namhlanje. Ngoko, sinombulelo.

⁵ Ngoku, ngentsasa yeCawa ezayo, iNkosi ivuma, ndifuna ukuba nenkonzo yempiliso, imithandazo yabagulayo. Kwaye siyakuyibekela inkonzo yempiliso, ukuba iNkosi iyavuma.

⁶ Ndiqaphele, ngalentsasa, kukho imfumba yeetshefu apha. Ndizithandazele. Kwaye ndi, ngethuba benithandaza kwaye nicula, ndizithandazele iitshefu; kwaye ke kukho ezininzi apha ngobubusuku. Ke, si—siyakholwa ukuba uThixo

uyabaphilisa abagulayo. Obuninzi ubugqina obukhulu bempiliso phakathi kwethu, nokunqumleza ilizwe, kwaye sinombulelo ngoku.

⁷ Kwaye ndicinge, kwiCawa elandelayo, ndifanele ndimke okwethutyana, kwaye sibambelele kakhulu nje kwimfundiso nakuMyalezo, ndcinga ukuba iyakuba yinto entle ukuba sibe ne—nenkonzo yempiliso, kuthandazelwe abagulayo. Kwaye siyathemba ukuba uThixo uyakusipha ithuba elimnandi.

⁸ Ngoku, abaninzi benu bamelwe ukuqhuba iimayile ezininzi ngobubusuku. Ngoko bendithetha namaqela ngaphaya e—eBlue Boar Cafeteria, namhlanje, apho bendinedinala. Abaninzi abantu abalungileyo, ndifumene ukubamba izandla zabo nokuthetha nabo, abantu endingazanga ndadibana nabo ngaphambili, abaza apha ebandleni. Kwaye ndinombulelo ngabahlobo abanjalo, kwaye ndifuna ukubulela ngamnye kuni nonke. Abanye babo bachole amaqunube amnyama, baze basiphathela. Omnye usiphathela ibhekile yenyhobha-nyhobha, okanye imolasses, ndiyakholelwa ibiyiyo, ne—nezinye nje izinto. Akuyazi ukuba kuthetha ntoni oko. Kwaye ngobentsasa, ndiyeza kwaye ndiphume endlwini, ngamanye amaxesha phaya . . .

⁹ Ngenye intsasa kwakukho mzalwana uthile phaya owayemi kakhulu, engenamphahla nezinto, wafuna mna ukuba ndiyekumfunela iimpahla ezithile. Ndaqalisa, kwaye ndaphantse ndakhubeka kwibhekile yamaqunube amnyama ihleli phaya. Ndathi, “Ubuzise lamaqunube amnyama?”

¹⁰ Waze wathi, “Hayi, andikhange ndibe nanto yakwenza nawo. Bendilapha ’phambi kokukhanya kwemini, kwaye ebehleli apha ngoko.” Kwaye ibinguMzalwana wam olungileyo uRuddell obewazisile wona kum. Kwaye, ke, ezo zinto ndiyazibulela ngokuqinisekileyo.

¹¹ UBilly Paul ukuchaphazele nje kum, kumathutyana ambalwa adlulileyo, ukuba phakathi kwelibandla ngobubusuku, bathathe umnikelo, oko kum. Ndi—ndiyanibulela ngalonto. Andikhange ndifune nikwenze oko. Ndi—ndiyayibulela nje imigudu yenu, nokunjalo, kodwa oko bekungeyomfuneko. Kwaye, kodwa, iNkosi inisikelele. Niyazi, niyazi, iBhayibhile ithe, “Njengoko wenze njalo kwaba bancikana baba, ukwenze kuM.”

¹² Ngoku, bendithetha kuni, ngoMyalezo, othe ngqo kakhulu. Kwaye ndi . . . Abanye abantu banengcabango zokuba—zokuba ndcinga ukuba uYesu uzakubuya kusasa okanye ngobubusuku. Ndinjalo. Ngoku, andithi Uyakwenza njalo. Kwaye, kwakhona, Angangabuyi kwiveki ezayo, kwaye kungaba ngulonyaka uzayo, kungaba lishumi leminyaka. Andazi ukuba Ubuya nini. Kodwa, kukho ntonye endifuna u . . . soloko uyigcine engqondweni, ube ulungile ngawo

wonke umzuzu okanye iyure. Yabona? Ukuba, ukuba Akafiki namhlanje, Angaba lapha ngomso. Ke kugcine oko nje engqondweni yakho, ukuba Uyeza.

¹³ Kwaye andazi ukuba iyakuba leliphina ixesha eliyakuba yiyure yam yokugqibela kulomhlaba, akukho nabani waziyo kuthi. Kwaye akukho namnye wethu waziyo ukuba Ubuya nini. Akazi kwaYena, Buqu, ngamaZwi AngaWakhe; Wathi, “UBawo, kuphela, owaziyo ukuba Uyakubuya nini; noNyana akazi ukuba Uyakubuya nini.” Kuxa uThixo ethumela Yena kuthi kwakhona. Kodwa sijonge Ukuza kwaKhe. Kwaye ukuba Akabuyi kwisizukulwane sam, Angafika kwesilandelayo; ukuba Akafiki kwesiya, Uyakubuya kwesilandelayo. Kodwa, ngokwam, andiboni nalinye ixesha eliseleyo. Nje ndi... Kum, ingenzeka nakuwuphi na umzuzu. Ngoku, lonto ayithethi... Lonto ayithethi, ngoku, ukuba uzakubona amazulu eguquka nako konke... Oko ayikokuBuya endithetha ngako. Ndithetha ngoXhwilo.

¹⁴ Yabona, Wenza Ukuza okuthathu. Uza ngoNyana abathathu, Amagama. Uza ngobutriniti; Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Yabona, konke okwako nguKristu omnye, uThixo omnye, lonke ixesha. Ngoku, siyazi Uza ezisa imisebenzi emithathu yobabalo; ugwetyelo, ungwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Yonke into, kuThixo, igqibelele ezithathwini.

¹⁵ Kwaye ngoko Uza, kuqala, ukuzakuhlangula uMtshakazi Wakhe. Uyeza, okwesibini, njengoXhwilo, ukuzakuthatha uMtshakazi Wakhe. Uyeza, okwesithathu, kunye noMtshakazi Wakhe, UKumkani neKumkanikazi; emva, apho xa abaninzi belindele Ukuza.

Kodwa xa Esiza ngelixesha, akukho namnye kuphela ngabo bakulungeleyo abayakwazi xa Ebuya. Kuyakubakho nje ukungabikho kwabantu. Abasayikwazi ukuba kwenzeke ntoni kubo. Bayakuswa nje bemke, ngesiquphe, kwaye bayanyuka nje banyamalale. “Baguqulwe ngesiquphe, ngokuqhwanayaza kweliso.” Ngoko nje lungela oko. Iyakuba yembi kakhulu ngenye intsasa ukulahlekelwa ngomthandayo, akukho namnye uyakubafumana. Ayisayi kuba yembi kakhulu ukwazi ukuba yenzekile igqithile kwaye uyiphosile? Ngoko zigcine phambi koThixo.

¹⁶ Ngoku, kwiveki elandelayo, iNkosi ivuma, kuMvulo olandelayo, ukusuka kwiveki ukusuka kuloMvulo, ukuba uThixo uyavuma, ndizakuthatha usapho ndilubuyisela eArizona apho baya khona esikolweni, ukuze ndi—ndibuye.

¹⁷ Ngoku, andihambi ndiye phaya... Andinazinkonzo zokuba ndibe phaya. Andifane ndibe se-Arizona. Ndimka ndibe kwenye indawo. Ndikhuphela umfazi phaya, kuMvulo olandelayo. Ndibuyela apha kwakhona. Ndiyakusukela apha ndiye eBritish Columbia. Ndibuyele eColorado. Ndiyakuba

se-Arizona kwakhona xesha lithile kufutshane neKrisimesi, nje okwemizuzwana embalwa, kade ngokwaneleyo... mhlawumbi ezimbini okanye ezintathu iintsuku, ndidibanise usapho, ndibuyele apha ngeeholide zeKrisimesi, iNkosi ivuma, ndibenenkonzo ngeveki yonyaka omtsha apha.

¹⁸ Ngoko ke ndilapha, ngobuqu, ngobuninzi. Ndilapha ngokuphindwe kalishumi ngaphezu kwaphaya, ngokuba asinalo naliphi ibandla okanye naziphina iinkonzo phaya, akukhonto sinayo phaya, ke, ngendlela yenkonzo yebandla. Yinto enye embi malunga nayo. Andinandawo yokuthumela abantwana abanokuyiva leMiyalezo, njengabantwana benu abayivayo apha, kwaye—kwaye ke kuphela kwegxeke esinalo. Kodwa baphile qete bonke. Iyeyomileyo, eshushu, imozulu eyomileyo, kodwa bonke abantwana bakhangeleka bephile qete. Andikho phaya ngokwaneleyo ukwazi ukuba inempilo okanye ayinampilo. Ndi, ndiseluhambeni, kwaye ndi—ndi—ndiyaqikelela ndazalwa nje ndingumhambi.

¹⁹ Umfazi wam undibiza...ndiyazi ukuba ulapha, ke ndizakukufumana oku emva kwenkonzo, niyazi nonke. Ibizwa lanto ngokuba yintoni, imimoya eguquguqukayo, okanye imimoya endlongo-ndlongo, okanye nokuba yintoni—nokuba yintoni, niyazi, intlabathi eguquguqukayo? Okanye, ndisoloko ndiseluhambeni, ngamanye amazwi. Kwaye ndibe nditshatile ngoku, amashumi amabini anesibini eminyaka, kwaye ngamanye amaxesha ndicinga ukuba ndingongaziwayo endlwini, ngokuba ndifanele ndibengohambayo.

Kodwa ndijonge elo xesha lokuba xa sizinzile kuMhlaba wasekhayeni ngenye imini. Kodwa ngoko imfazwe iyaqhubeka, ke masibe semthandazweni.

²⁰ Sukulibala, kwiCawa ezayo kusasa, iNkosi ivuma, zisani abagulayo benu nabaxhwalekileyo. Yizani ngethuba, fumanani iindawo zenu, kwaye mhlawumbi kukho iqela lokuthandazelwa. Kuyakufuneka sinikezele ngamakhadi okuthandazelwa. Ukuba akakho awoneleyo, asisayi kunikezela ngamakhadi okuthandazelwa, nje okwaneleyo ukwenza umgca omncinci nje emibini okanye emithathu, okanye into ethile. Kodwa si—siyakunikezela mhlawumbi ngamakhadi okuthandazelwa, ke mhlawumbi siyakuyenza malunga neyure phambi kwenkonzo yesiqhelo, leyo endicinga ukuba ithatha...Iyakuba sisibhozo, isibhozo okanye icala leyesibhozo, bayakunikeza ngamakhadi okuthandazelwa; vula inkonzo, nizezela ngamakhadi okuthandazelwa ngeCawa elandelayo kusasa. Kwaye qiniseka ukubalapha ngokwe...Zisani izithandwa zenu, babekeni phaya. Kuyakuba mnandi kwaye kupholile enkonzweni, ukuba bayagula, kwaye siyakwenza konke esinako ukubathandazela.

²¹ Enkosi, kwakhona, ngomnikelo wothando.

²² Kwaye ngoku sizakufunda elinye laMazwi kaThixo, ngobubusuku, kwaye lungela esisiganeko soBukho Bakhe kwakhona ukusizisela iLizwi Lakhe. Ngoku, siyazi ukuba sinokufunda isicatshulwa, kodwa uThixo kufanele atyhile umongo. Yabona? Singathatha umxholo, kodwa uThixo kufanele atyhile umongo. Kwaye ngelithuba nisatyhilayo ngoku kwiNcwadi kaYeremiya, isahluko sesi-2.

²³ Ndifuna ukuthi ndiyavuya ukuba, kunye nathi, uMzalwana uLee Vayle, olungileyo umzalwana eNkosini. Kwaye ndiyacinga apha, umzalwana apha, andilikhumbuli igama lakhe, Mzalwana uWillard Crase. Kwaye ndibona umzalwana wase Arkansas, uMzalwana uJohn kunye nabo, ukusuka ePoplar Bluff jikelele, noMzwalwana uBlair. Kunye, owu, Mzalwana uJackson, noMzalwana uRuddell, nabaninzi endi—endingakwazanga nje... Nqwenela ukukwazi ukubiza wonke umntu ngegama, kodwa andikwazi nje ukuyenza lonto, kwaye niyaqonda. UMzalwana uBen Bryant, ndimbona ehleli apha; usoloko engu amen wam ekoneni ngethuba ndi... Wonke ubani uyamazi uBen ngelizwi lakhe. Uh-huh.

²⁴ Sa, sihleli eCalifornia ngelinye ixesha, ndandishumayela uMyalezo kubantu baseBhaptizi phezulu phaya entlanjeni. Babenentente enkulu apho, kwaye benabaninzi oongqondo-ngqondo bamaBhaptizi. Andizange ndive u “amen” ukusuka naphina; uyazi, ukoyika ukuba abanye babafazi baqhekekelwe sisiqabi ebusweni babo. Kwaze ngoko, into yokuqala oyaziyo, ndabona iinyawo ezimbini ezinjengezo, zibheka phezulu emoyeni, nezandla ezibini ezikhulu, nenwele ezimnyama zidlidla phaya, “Amen,” ekhala ngolohlobo. Ndaza ndajonga ezantsi, ndathi, “Ben, uvela phi?” Wayesenza u “amen” ngenene.

²⁵ Ndibona umfazi wakhe emkhangela, kancinci. Kulungile, uyaphulukana nokuncinci kwezanwele zimnyama, kodwa kulungile konke, uyazi. Sukukhathazeka malunga noko. Ndenzile, ezam, kwixesha elide elidlulileyo.

Ke, ngoku, ningalibali ukuthandaza.

²⁶ Ngoku ngelithuba singena kwicala elinyanisekileyo lenkonzo, khumbula, ukuba sifunda eli Lizwi, ngoko uThixo uyakulisikelela iLizwi Lakhe. “Alisayikubuyela kuYe lilambatha, kodwa Liyakukuzuzisa oko Beliphumele kona.” Kwaye ndiyazi, ekufundweni kweLizwi, ndiyakusoloko ndilungile. Xa ndifunda iLizwi, uThixo uyakulihlonipha iLizwi Lakhe.

²⁷ Ngoku masiphakame ukuhlonipha iLizwi Lakhe. UYeremiya, isahluko sesi-2, ivesi ye-12 neye-13 kaYeremiya wesi-2.

Mangaliswani, Owu...mazulu, yile nto, nibe namanwele noyike, niqothole kunene, utsho uYEHova.

*Ngokuba benze ububi obubini abantu bam;
bandishiyile mna thende lamanzi aphilileyo,
baza bazambela amaqula, amaqula aqhekekileyo,
angena . . . akanakugcina manzi.*

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

²⁸ Thixo othandekayo, lifundiwe iLizwi Lakhó. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakulihlonipha ela Lizwi kwaye usinike ngobubusuku umzekelo okanye okusondeleneyo Nalo; njengoko sijonge kwiintsuku ezigqithileyo, uSirayeli, njengemizekelo, njengoko iBhayibhile isifundisa ukuba singabona oko Wakwenza kubo xa balithobelayo iLizwi, sibona Owakwenzayo kubo xa bangalithobeli iLizwi, kwaye sifunde emasikwenze. Ke, siyathandaza ukuba Uyakuthetha nathi ngobubusuku ngendlela ekhethekileyo kakhulu, ukuze sazi ukuba singaziphatha njani kulomhla, ukuze sifunde kulentsasa esiphila kuyo. Oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala.

²⁹ Ndifuna ukuthetha ngobubusuku kumxholo, nje okwe i—ixesha elifutshane ku: *Amaqula Aqhekekileyo*.

³⁰ USirayeli wenza izono ezimbini ezikhulu. UThixo uthi bemkile kuYe, iThende loBomi, baza bazambela amaqula okusela kuwo. Ngoku, yinto ethile.

³¹ Isizathu sokuba ndicinge ngesisicatshulwa sesokuba sihamba kunye noko bendikutsho kulentsasa, yale yure esiphila kuyo, neSizathu esixakekela sona.

³² Kwaye sijonga kuSirayeli njengomzekelo, ukuba, wayeyintoni uThixo, Wasoloko wahlala eyinto enye. Kwaye kukho into enye uThixo awakhe wayihlonipha, leyo yayi, yindlela Yakhe Awayinika abantu. Kwaye xa baphuma kuyo loo ndlela, waze uThixo wanyeliseka, kwaye uThixo wenza abantu babandezeleka ngenxa yokumka koko Wayebaxelele kona ukuba bakwenze, nokuba yayi yintoni na.

Wade wabanika nomthetho, “Ungachukumisi, ungaphathi, ungangcamli.” Hayi nje ngobubi bokuyenza, kodwa ngobubi bokungathobeli oko Athe kwenze. Kwaye kusoloko kungenakubakho mthetho ngaphandle kwesohlwayo ngomthetho. Ngokuba, ukuba akukho sohlwayo, ngoko, umthetho awubalulekanga ngaphandleni kokuba ube nesohlwayo. Umthetho!

³³ Ngoku, sifumana, abakwenzayo ngaloo mhla kubonakala kuhambelana kwesikwenzayo namhlanje, abakwenzayo abantu becawa.

³⁴ Ngoku sibona into engaqhelekanga apha. Ingayengaqhelekanga kwabanye abantu, xa Wathi, “Ni, ba, zombele amaqula, amaqula aqhekekileyo.” Ngoku, mhlawumbi abanye benu abalazi ukuba yintoni iqula. Bangaphi abalaziyo

yintoni iqula? Kulungile, ubuninzi benu. Ukuba wakhe wakhuliswa efama, uyazi ukuba iqula yintoni. Ndikhumbula ndasela iintsholongwane ngokwaneleyo kwelinye, u—ukwazi into i—iqula laliyintoni.

Shumayele emaphandleni apho, ezihlahleni, apho uyakuba namaqula amakhulu amanzi elapho, phandle e—emvuleni, uyazi, kwaye libe lidala kancinci. Kwaye—kwaye ngoko iintsholongwane, ngexesha lasebusuku, ziyakungena kulo. Kwaye ngoko ndiyawazi amanzi equla yintoni.

³⁵ I—iqula liyi—yindawo, into eyombiweyo emhlabeni, ukuthatha indawo yomthombo. Apho abantu bengenawo umthombo, ngoko bafumana i—iqula. Ngamanye amazwi, iqula litanki elenziwe ngumntu okanye umthombo owenziwe ngumntu emhlabeni, athi umntu awombe, ukuqokelela amanzi, a—awasebenzise. Abanye babo bawasebenziselela amanzi okuhlamba, abanye bawasebenziselela amanzi okusela, nendlela eyahlukeneyo, mhlawumbi. Onke amanzi ngelinye ixesha, ebesiqhele ukuwafumana, bekusequleni. Siqhele ukuba nento endala ekufuneka uyijije, ijikeleze, ijikeleze, ijikeleze, ijikeleze, ukunyusa amanzi; inebhekile encici kuyo, ukukhuphela amanzi asuka equleni.

³⁶ Ke, siqaphela into enye malunga nequla eyahlukileyo kumthombo. Ngoku, iqula liyakoma. I—i—iqula alinakuzizalisa ngokwalo. Lona li—li... Alithembekanga. Akunakuthembela equleni. Kufanele lithembele kwaye lixhomekeke emvuleni ena ehlotyeni okanye ebusika, nokuba iyintoni... Ngamaxesha amanzi, ngexesha lasebusika xa ikhephu nemvula ifika, ize iqengqelekisele amanzi iwase equleni. Kwaye ukuba ithi ingawafumani lo manzi, uze wena—akubi nawo nawaphi amanzi. Yilonto yonke—yilonto yonke... yome. Kwaye ayinakuzizalisa ngokwayo. Iqula elidala alinakuzizalisa ngokwalo. Ifumana ukuzaliswa kwalo kwii—kwiimvula ezithi zine.

³⁷ Kwaye ndifuna ukuba uqaphele enye into malunga nequla. Ngamaxesha amaninzi, ufumana, okanye indlela elaliyiyo endaweni yethu, iqula... Ngamaxesha amaninzi ihoko yenkunku imalunga ngokuphindwe kabini ukulingana nendlela, kwaye babesoloko beqengqa amanzi ukusuka ehokweni, ukuya equleni. Ndiyalkhumbula elaqula lidala lomthombo phandle phaya, xa laline... xa u—umbhobho wamanzi uwasa kulo, nqo, ukusuka ehokweni. Izalisa kokusuka ehokweni.

Ngoko ke amanzi athathwa eluphahleni lwehoko; apho, zonke izilwanyana zinyathela yonke indawo esitalini, nabo bonke ubumdaka basehokweni buhlala phezu kwehoko, ngamaxesha okoma. Kuze ngoko aze amanzi aze ahlambe konke ukusuka eluphahleni, ukusa emjelweni owenziwe ngumntu, aze ase kwisityhali esenziwe ngumntu, aze ase kwiqula elenziwe ngumntu. Kwaye ukuba akukafumani

imbutyulelo, andazi ukuba ufumene ntoni, xa ufumene iqula. Ewe, mhlekazi! Kuko konke okwenziwe ngumntu, kwaye nje emdaka kunokuba inokubanakho.

³⁸ Uyazi, sasiqhele ukubiza... Sasinesihluzo selaphu kwelinye. Wakhe wayazi ukuba yayiyintoni lonto? Kufuneke ubeke ilaphu lesihluzo kulo, ukubambisa zonke iintsholongwane nezinto ezisuka kumphezulu we—wehoko, kunye nokujikeleze londawo, kuze kuyigalele ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, ukuya equleni. Kwaye sasiqhele ukubeka i—ilaphu lesihluzo kulo, ukubambisa bonke u—ubulembu nezinto esinakho. Ngoba, oko kwakungenakubambisa uqobo lobumdaka, yayibambisa nje izinto ezinkulu ezihla phezulu ziwele kulo. Irhorho inokuwela kulo, kodwa incidi yerhorho ihambe namanzi. Ke, u—unembutyulelo ngenene xa unequla elidala elimdaka.

³⁹ Kwiintsuku ezimbalwa, uvumela lamanzi ame phaya, aze abe ngadamileyo. Uyeka amanzi ame equleni, aba ngadamileyo. Kwaye azala nga—ngamasele, namacikilishe, neenyoka. Kwaye sasiqhele ukuyibiza “oonojubalala,” into ezincinci... Andiyazi nokuba... Azisosincukuthi, zizi... andinakho, andiyazi ukuba niyakuyibiza ukuba zintoni. Kodwa izinto ezincinci zingena emanzini, esi—esiyibiza ngokuba ngonojubalala. Uyazi ukuba yintoni. Bangaphi abayaziyo ukuba ndithetha ngantoni? Owu, kutheni, ngokuqinisekileyo, nonke bafu basemaphandleni niyazi. Igcwala konke kukudama, kwaye ezizithanda kudama ziza nalo. Iye nje ize, ngokuba idamile. Kwaye ngokuba idamile, ibiza izilwanyana ezithanda izinto ezidamileyo.

⁴⁰ Kwaye kuko okufana neecawa zethu namhlanje. Ndinga ukuba sishiye... Esinye sesono esikhulu ethe icawa yasenza namhlanje, njengoSirayeli ngoko, imshiyile Yena, iThende laManzi aphileyo, zaza zazembela awenziwe ngabantu amaqula. Kwaye iba yindawo yokuhlala zonke izinto ezithanda elohlobo lwamanzi. Amacikilishe, amasele, nazo zonke iintlobo zeentsholongwana ezingcolileyo, zihlala kulo, ngokuba litanki elenziwe ngumntu. Kwaye kwelitanki ezi zinto ziyahlala, umzekelo ogqibeleleyo wamahlelo ethu anamhlanje.

⁴¹ “Ngoku,” uthi, “Mzalwana uBranham, kutheni ubetha kwababantu kalukhuni?”

Ifanele ibethe. Ifanele ibethwe. Yibaleke, ngokuba iyakwenza olwaphawu lwerhamncwa ekugqibeleni. Khumbula, oko kuyiNyaniso! Iyakuba luphawu lwerhamncwa. Ihlelo liyakukhokelela ngqo kuyo. Isendleleni yayo kanye apho ngoku, ukunyanzela, ngamandla.

⁴² Njonga kubukhosi baseRoma. Yilonto kanye eyabakhokelela kuphawu lokuzibophelela. Uyafumanisa ukuba akukho mntu unokuthenga okanye athengise ngaphandle kophawu lwerhamncwa. Kufanele abenalo.

43 Kukho iindidi zabantu ezimbini kuphela eziyakuba semhlabeni; abo banoTywino lukaThixo, nabo banophawu lwerhamncwa. Iindidi ezimbini kuphela, ke kuyakufuneka ube nenye okanye yimbi. Iyakuba kukuzibophelela, i—iphawu lwe—lwenkolo, ubophelelo lwenkolo.

44 Kwaye iyakuba nophawo lwerhamncwa. Njengoko sifunda, sifumanisa ukuba iRoma yayi, iyi, kwaye iyakusoloko, upha-...okanye, irhamncwa. Ngokuchanekileyo. Akukho ndlela yokufumana enye into engenye. IRoma!

45 Kwaye yenza ntoni iRoma? Yayiguqukile ukusuka kwiRoma engumnquli zithixo ukuya kwiRoma yoopope, yaza yabanenkqubo equlunyiweyo, inkqubo kazwe lonke, eyanyanzela bonke abantu kuloo nkolo inye okanye babulawe.

46 Kwaye kuyinto engaqhelekanga ukuba le United States ibonakale embonisweni, kwaye inje ngemvana. Kwaye imvana ineempondo ezimbini ezincinci, amalungelo oburhulumente nobucawa. Kwaye emva kwethuba, xa oko kwakuyimvana, sifumana ukuba yathetha njengerhamncwa kwaye yasebenzisa lonke igunya libe linabo irhamncwa ngaphambi kwayo. Kwaye iBhayibhile iyasixelela ukuba bathi, “Masenze umfanekiso kwirhamncwa.” Umfanekiso yinto enje ngenye into ethile. Kwaye singabona kanye ngoku ukuba, kwimo yokuzibophelela, icawa yenza iQumru leeCawa zeHlabathi, engumfanekiso kumandla aseRoma; kwaye iyakunyanzela phezu kwabantu into enye eyathi iRoma yoqulo zithixo yayenza...okanye iRoma yoopope eyakwenza. Ke, akukho ndlela yimbi, akukho nto yimbi. Kodwa oko yiNyaniso.

47 Kwaye yilonto ndiyibetha kwisigaba sam, kwixesha lam, ngokuba kufuneka ibethwe. Ubizo luyangena, ukuba, “Phuma kuyo, bantu Bam, ukuze ningabi nabudlelwana ngezono zayo!”

48 Ngoku, ndikufanisa oko nala amdaka, anyhuku-nyhuku amaqula. “UliThende loBomi. Ungamanzi aphilileyo.” Kwaye umntu ukushiyaile Oko, waze wazembela amaqula anokubambisa kuphela ukungcola. Kuphela kwento anokuyibambisa. Kwaye yilonto ubuhlelo obuyenzayo; bubambisa yonke into ethi ize nefuna ukuzimanya. Bakulungele ukuyithatha ukuba inemali okanye inokunxiba ngandlela ethile. Nokuba bangobani, basuka phi, bayabathatha, nakanjani.

49 Ngoku siyafumana, kwakhona, ukuba, oluphawu lwerhamncwa elaliqulunqwe apha. IMelika, li, nani leshumi elinesithathu. Yayizalwe namazwama alishumi elinesithathu. Yayineflag eneenkwenkwezi ezilishumi elinesithathu, imigca elishumi elinesithathu. Kwaye ikwavela nakwiZityhilelo isahluko se-13. Kwaye iMelika yabasoloko ingumfazi, imelwe kwiigqekembe zethu. Kwa intloko yeNdiya, kwipeni, yimbonakaliso yomfazi. Siyayazi lonto, siyazi imbali yayo. Yonke into, uMgqala weNkululeko, nayo yonke enye into,

inkululeko... Isimo seNkululeko siyiyo, yonke into, umfazi. Umfazi; inani leshumi elinesithathu. Yabona? Ngoku, ku—kuhle ukuzibona ezo zinto.

⁵⁰ Kwaye ngoku ndiqikelele ngesityhilelo esivela kuThixo, okanye umbono ngo 1933, ukuba izinto esisixhenxe ziyakwenzeka phambi kokuphela kwexesha. Kwaye ukuba, enye yazo, yokuba, “uMussolini,” ngoko owayesiba nguzwilakhe, “uyakuba nguzwilakhe. Kwaye, futhi, uyakwenza ungenelo kwaye ahle aye eTopiya, kwaye uyakuyithatha iTopiya. Kwaye uMoya, Wathi, ‘Uyakuwa enyathelweni lwakhe.’”

⁵¹ Andazi nokuba akukho abakudala abasashiyekileyo emnqubeni, bandikhumbulayo ndisitsho kwiHolo kaRedman ezantsi apha xa sashumayela, emininzi, emininzi iminyaka egqithileyo. Ingaba kukho omnye esakhiwo, ngobubusuku, owashiyekayo ezantsi phaya kwiHolo elidala likaRedman xa ndashumayela lonto, xa babene N.R.A. phandle, kudala kakhulu kumjikelo wokuqala ngexesha lokuphatha kukaRoosevelt? Ndiyaqikelela ukuba akukho namnye apha. Ingaba ukhona? Ehe, ehe, omnye, nankuya omnye. Ewe, Nkoskz. Wilson, ndiyamkhumbula. Umfazi wam, ehleli ngasemva. Ababini abaseleyo, kwisizukulwana esidala sabo kula mini.

Oko, xa bathi le N.R.A. luphawu lerhamncwa, ndathi, “Akukhonto kuyo; konke konke. Uphawu lwerhamncwa aluzi apha. Lusuka eRoma. Kwaye ayinakuba luphawu lwerhamncwa.”

⁵² Kwaye ngoku khumbula ukuba ezi zinto zatshiwo. Kwathiwa, “U-Adolf Hitler uyakuphanziswa ngesiquphe. Kwaye uyakuqhwaya imfazwe kwi United States. Kwaye bayakwakha enkulu—e—enkulu into yelitye, abayakude bahlale kuyo. Kwaye apho kanye aMamelika ayakufumana esikhulu isohlwayo, kule nto.” Kwaye yayingumgca weSiegfried, kwishumi elinanye leminyaka kwaphambi kokuba yakhiwe. Kwaye ndathi, “Kodwa uyakufika esiphelweni; kwaye iStates iyakuyiphumelela imfazwe.”

⁵³ Kwaye ndathi, ukuba, “Kukho ii-ism ezintathu; iNazism, fascism, kunye ne communism.” Kwaye ndathi, “Ziphelela zonke kubu communism. IRashiya iyakuzithatha zonke, kubu communism.”

⁵⁴ Kwaye ndathi, “Inzululwazi iyakuba nkulu kakhulu, umntu uyakuba krekrekre ngenene, de avelise izinto ezininzi ade abe uzakwenza inqwelo mafutha ekhangeleka njengeqanda, eyakuba nefana negilasi ephahleni lwayo, kwaye iyakulawulwa ngamanye amandla kunevili lokujikajika.” Kwaye banayo lomoto.

⁵⁵ Kwaye ndathi, “Ngoko izimilo zabafazi bethu ziyakuwa de ukuya kulompalalo yezinto, de babe bazakuba lihlahlo kwizizwe zonke. Bazakunxiba iimpahla zamadoda. Bazakuqhubekeka

bekhulula impahla zabo de ngokwenene baze behle bengathi banempahla zangaphantsi kubo, kuphela oko. Kwaye, ekugqibeleni, bayakuza ekunxibeni nje igqabi lomkhiwane.”

Kwaye ukuba uyaqaphela, kulindixesha *iLife* wenyanga epheleleyo, babenaye umfazi enegqabi lomkhiwane. Kwaye ngumwunduzo omtsha wangorhatya, okanye idyasi, abayinxiba ngorhatya; iyabonisa, ungabona ngaphaya kwayo, kuphela ligqabi lomkhiwana elifihla nje indawana ezithile zomzimba wakhe; neendawo zokubophelela, okanye iziqhoboshi, impahla zokuhlamba ezingabotshwanga, umntla wayo, iveza umzimba. Kwaye zenzeka njani ezozinto!

⁵⁶ Ngoko ndathi, “Ndibona umfazi emile e-United States, nje ngekumkanikazi enkulu okanye into ethile. Kwaye wayemhle ukumjonga, kodwa engcolile entliziyweni yakhe. Waze wazenza izizwe zanyathela, zahamba ngokunyathela kwakhe.”

⁵⁷ Ndaza ndathi, “Ekugqibeleni, Wandixelela ukuba ndijonge emva eNtshona kwakhona. Kwaye, xa ndenzayo, ndabona, ikhangeleka ngathi, njengoko yayinjalo, ilizwe liqhushumbile. Kwaye njengoko ndandinokubona, yayingeyonto kuphela iinkuni, na—namaty e aluthuthu evuthululwe ekhutshwa emhlabeni.”

Kwaye ezi kwakufanele zenzeke phambi kokuphela kwehlabathi. Kwaye ezintlanu kwezisisixhenxe sezenzekile, kwiminyaka engamashumi amathathu anesithathu. Nako ke apho sikhoyo, emva esiphelweni sexesha!

⁵⁸ Kwaye ndathetha ngokuchaseneyo nolwanqubo lobuhlelo ngelo xesha. Kwaye ndisakholelwa, ngobubusuku, ukuba ngumgxobhozo, ukuba ibe yindawo apho ubumdaka bubaleka khona. Andikholwa ukuba uThixo angade athathe into enjalo kwi Bandla Lakhe, ngokuba kufanele ukuba izalwe ngoMoya kaThixo ize ngoko icocwe phambi kokuba ibizwe ngokuba yeYakhe. UMzimba ofihlakeleyo kaKristu, sibhaptizelwe kuWo ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele.

⁵⁹ Ewe, lenqubo yeliqula imgumzekelo ogqibeleleyo wehlelo. Indoda esisilumko ifanele ijonge, kwaye ingaze iye kuyo, ngokuba uThixo uyiphuhlisile kwizigaba ukuba Uchasene nayo kwaye akazange asebenze ngayo. Lonke iqela... Lonke ixesha indoda ivuka nomyalezo, njengoLuther, Wesley, kunye nokunjalo, noSmith, noCalvin, kunye nabo; xa baqala umbutho, UThixo wayibeka into eshelfini kwaye zange ayityelele kwakhona ngemvuselelo.

⁶⁰ Jonga ngembali. Zange kubekho xesha apho uThixo wathatha ihlelo, wenza imvuselelo kulo, naphina. Ngoko, ngembali nangeBhayibhile, ibonakalisa ukuba yinto engcolileyo emehlweni kaThixo, ke andifuni nto yakwenza nayo. Kwaye yilonto ndichasene. Ndizama ukukhupha abantu kuyo.

⁶¹ Simenyiwe, njengakuSirayeli, kangangokuba kungoku, ukuba sikhangele kuSirayeli ngokomzekelo. Ba, ngalo lonke ixesha behleli ngelaThende, babelungile. Kodwa xa bazambelayo amaqula, iinkqubo ezenziwe ngabantu, waza uThixo wabashiya. Uyakusenza kwa into enye nathi. “Bamshiyile Yena, Thende laManzi aphilileyo.” Yayizizikhalazo awayenazo uThixo ngakubo. “Ukwenza into ababenokuyithi, ‘Uyakubona esikwenzileyo!’”

⁶² Ngoku, xa sisexesheni loku—lohambo lukaMoses; xa uThixo, ngobabalo, wabanika umprofeti, wabanika iNtsika yoMlilo ukuba ihambe phambi kwabo, wayigqinela Yona ngemiqondiso nezimanga. Ubabalo lwalubanike zonke ezi zinto. USirayeli futhi wayesafuna, wabona umthetho. Balwala ubabalo, ukuthatha umthetho.

Yilonto kanye abantu bayenzayo namhlanje. Bayalala iLizwi, bathatha inkqubo yobuhlelo, ngokuba koko banokwenza lonto bayifunayo baze baqhubeke nje. Kodwa akunakuyenza lonto kuKristu! Kufanele uze cocekileyo nacacileyo, ukuze ube kuKristu.

⁶³ Ukushiya umthombo ompompozayo, ngenkqubo eyenziwe ngumntu okanye iqula, ungafane ucinge umntu esenza lonto? Ungafane ucinge imeko yengqondo yomntu onokusela kwamatsha omthombo ompompozayo, aze ashiye oko ngenxa yequla elenziwe ngumntu elinamasele, namacikilishe, nonojubalala, nento yonke enye kulo?

Ayikhangeleki ibhadlile ukuba ibe yelungileyo, kodwa nje ngokuchanekileyo yilonto abantu abayenzileyo. Bashiye iLizwi, imvelaphi naMandla eThende likaThixo lenyaniso, bayokusela kwiqula, bazenzela amaqula. Into enye abayenzayo ngoko, bayenzile ngoku. Bathi. . .

Wathi, “Bandishiyile Mna.” Apha Uthe, apha kuYeremiya 2:14, okanye 13, gxebe. Wathi, “Bandishiyile Mna, iThende laManzi aphilileyo.”

⁶⁴ Ngoku, siyabona ukuba liyintoni iqula. Siyabona ukuba libambisa ntoni. Siyabona ukuba lenziwe njani. Yinto eyenziwe ngumntu ephuma eluphahleni olumdaka. Amanzi athi awele phantsi, abetha eluphahleni olumdaka, kwaye ahlamba kuphela uphahla, abeke kumjelo owenziwe ngumntu, ukusa kwisityhali esenziwe ngumntu, ukuya etankini elenziwe ngumntu. Kwaye bonke ubunyhuku-nyhuku buqokelelana apho, kunye ne—neentsholongwana, namacikilishe, namasele, nezinto zomhlaba, ziyakuthanda oko. Kwaye, qaphela, zizilwanyana ezingahlambulukanga; onojubalala, adamileyo. Unojubalala akanakuhlala emanzini acocekileyo. Ukuba uyahlala, ayakumbulala. Kufanele ukuba abe kwadamileyo.

⁶⁵ Kwaye yilondlela ekuyiyo nobuninzi bezizincukuthi namhlanje. Akunakuhlala kumanzi amatsha oMoya oyiNgcwele.

Sesosizathu balichase ngamandla iLizwi, baze bathi, “Liyaziphikisa Lona. Akukho nto kuLo.” Kungokuba bafanele babenohlobo lequla elidamileyo bajubalaze kulo. Kulungile.

Yilo ndlela inye kuyiyo namasele, kunye namacikilishe, kunye namantshontsho amasele, kunye nezinye ezinjalo. Bafanele bajikele ngaphaya komgxobhozo okanye kwichibi elidamileyo, ukuze baphile, kuba yimvelo yabo ukuphila phaya. Kwaye akunakusiguqula isilwanyana de uguqule imvelo yaso.

Kwaye akunakwenza umntu alibone iLizwi likaThixo de imvelo yakhe ibe iguqulwe; kwaye xa imvelo yakhe iguqulwe koko akuko, abe ngunyana kaThixo, aze uMoya oyiNgcwele uze kuye. UMoya oyiNgcwele ubhala iLizwi likaThixo!

⁶⁶ Namhlanje bendithetha nomhlobo wam olungileyo, uGqirha uLee Vayle, okhoyo ngoku. Kwaye ongowemfundiso yezibhalo ngenene, kwaye sisoloko siba nezithile—siba nezithile iingxoxo ezimnandi eSibhalweni. Uchubekile kakhulu.

Kwaye wandibuza ngelinye ixesha ukuba ndicinga ntoni malunga nobugqina bokuqala bukaMoya oyiNgcwele, “Yayikukuthetha ngeelwimi?” Kuyiminyaka emininzi eqgithileyo.

Ndathi, “Hayi; andiyiboni lonto.”

Wathi, “Nam ngokunjalo,” wathi, “nangona ndandifundisiwe oko.” Wathi, “Ucinga ukuba iyakuba yintoni ubugqina?”

⁶⁷ Ndathi, “Obona bugqina bugqibeleleyo endingacinga ngabo luthando.” Saza saqhubeka sithetha koko.

Kwaye ngoko ndacinga oko kuvakala kamnandi kancinci ke ndayibamba lonto, “Ukuba umntu unothando.”

Kodwa ngenye imini iNkosi, embonweni, yandiluleka. Kwaye Yathi, ukuba, “Ubugqina bukaMoya ngabo banokukwazi ukwamkela iLizwi,” hayi nathando, nakuthetha ngazilwimi, kodwa kukwamkela iLizwi.

⁶⁸ Kwaye ngoko uGqirha Vayle wayesithi kum, oko, “OkokungokweSibhalo,” wathi, “ngokuba, kuYohane 14, uYesu wathi, ‘Xa Athe uMoya oyiNgcwele weza kuni, Uyakunithilela ezizinto, Endinifundisileyo, aze anibonise nezinto ezizayo.’”

Ke nabo ubugqina benene bukaMoya oyiNgcwele! Akazanga wandixelela nanye into engalunganga okwakaloku nje. Oko, “Kububugqina bukaMoya oyiNgcwele, ngulowo unokulikholelwa iLizwi.” Ungalomkela Lona.

Ngoba, uYesu zange athi, “Xa athe uMoya oyiNgcwele wafika, niyakuthetha ngeelwimi.” Zange athi, uMoya oyiNgcwele efika, niyakwenza nanye yezo zinto. Kodwa Wathi, “Uyakuthatha ezizinto Zam azibonise kuni, kwaye uyakunibonisa izinto ezizakuza.” Ke nabo ubugqina obuyinene bukaMoya oyiNgcwele, ngokuka Yesu ngoKwakhe.

⁶⁹ Ke yonke lemezwa nezinto abathi abantu babenazo baze baqhubekeke, ungabona kutheni bezenza. Yabona, iba lihlelo, okanye iqula elidamileyo, kwaye akusayi kubakho ihlelo elenzelwe phezu kokungagq-...iLizwi likaThixo eligqibeleleyo. Ayinakuyenza lonto, ngokuba akunakumisela okanye umenze ihlelo uThixo. Hayi, mhlekazi!

⁷⁰ Isizathu injalo, ufumana igquba lolumntu olunokukholwa iLizwi, mabaqale umbutho. Into yokuqala oyaziyo, ekuhambeni konyaka kukho igquba looRicky apho ongenakwenza nto nalo. Bayabambelela, kwaye akunakwenza nto malunga nalo. Asiyonkqubo kaThixo. Asiyiyo, ke siyazi ukuba lonto ingaphandle. Iba liqula, ize ibe yindawo apho ngamnye uyakwenzelela kule, *leya*, okanye *kwenye*, ukufumana amalungu apho, okanye bavumele abantu bangene.

⁷¹ Siyafumanisa, lenkqubo yaqala ngaxesha linye, emva kwiintsuku zamaSirayeli, xa babesomba lamaqula. Kwaye kwakukho indoda negquba labaFarisi ababombe amaqula. Kwaye babenendoda ebizwa ngoHerode, waye engumazisi, irhuluneli yesizwe.

Kwaye wehla waza kuva indoda eyayingabhanxi namahlelo abo. Wayengumprofeti. Kwaye akukho mprofeti wakhe wanento yokwanza nehlelo, kodwa wayelithiya. Lo mprofeti waqalisa ukuthi, “Ningaqalisi ukuthi ngaphakathi kwenu, ‘Sino Abraham ubawo wethu,’ ngokuba ndiyanixelela ukuba uThixo unakho kulamatye ukumvusela abantwana u-Abraham.”

⁷² Kwaye bazisa isiphathamandla ukuza kumva yena. Kwaye esisiphathamandla sasithathe umfazi womntakwabo samsusa kuye, samtshata. Kwaye yaya la ndoda kuye ebusweni yathini? Babecinga iyakwenzelelela, ize ithi, “Ngoku, mhlekazi, wena, unganesihlalo esihle ngapha. Kwaye ufanele u...Ndiyavuya ukuba ulapha uzokundiva namhlanje.”

UYohane waya nje ebusweni baso, waza wathi, “Akukho mthethweni ukuba ubenaye.” Eyona nto yokuqala awayitshoyo, wamkhalimela ngenxa yesono sakhe.

⁷³ Yabona, amahlelo enza amaqula adamileyo apho abantu banokuhlala nabafazi, nabafazi abo baqhubekeke, baze bachebe iinwele zabo, baze banxibe ezimfutshane, kunye nento yonke, baze bazibize ngokuba ngaMakristu.

Kodwa iThende lenene, haleluya, la Mandla kaThixo, ayinakuhlala apho, ngokuba iyityhalela ngaphandle. “NdiliThende laManzi aphilileyo. Bandishiyile Mna, bazambela amaqula athile.”

⁷⁴ Ngoku, ithende lamanzi aphilileyo, siyafumanisa, yintoni ithende lamanzi aphilileyo? Siyafumana ukuba iqula yintoni, ngoku yintoni ithende lamanzi aphilileyo? Ngumthombo ompompozayo.

“Umthombo ompompozayo, yintoni leyo, Mzalwana Branham?”

Ngumthombo osoloko uphuma ngaphantsi kwaye utyhalele amanzi awo ngaphandle. Uyabaleka lonke ixesha. Uyazixhasa. Usoloko umtsha kwaye ucocekile, umthombo ompompozayo, ithende lamanzi aphilileyo. Awufanga kwaye awudamanga. Uyaphila, uyaguquguquka lonke ixesha, unyusa into entsha lonke ixesha, uqhubekeka, iphuma koo vimba bawo. Utsala oovimba bawo ku—kumandlalo wawo, oyi... oselithende lamanzi aphilileyo etshizela phezulu. Uyazicoca ngokwawo; ucocekile, unyulu, amanzi acocekileyo. Uyazixhasa ngokwawo; akudingeki ulindele iimvula ukuba zizalise itanki. Usoloko uhlwahlazela, unikezela ngamanzi wawo simahla. Akudingeki ukuba umpompe, uwujije, uwupetye, okanye uwuxokomezele. Ulithende nje lamanzi aphilileyo.

⁷⁵ Uyazi, uthatha lamaqula madala, kufuneka uwuxhuzule kwaye uwuxhuzule ze uwuxhuzule, uwumpompe kunye nento yonke, ukufumana okuncinci kwalo manzi adamileyo. Huh!

Kodwa iThende laManzi aphilileyo Linika, simahla, ngaphandleni kokumpompa, ukuxokomezela, nayiphi enye into. Owu, ndiyavuya ngeloThende! Ewe, mhlekazi!

⁷⁶ Alifuni sihluzo kuLo, ukususa iincukuthu. Ngokuba, Lisuka ezantsi kakhulu, apho eLityeni, kude kungabikho zincukuthu apho.

Akudingeki ukuba ibenomrhaji wemfundo phezu Kwalo, kulungile, enye yezenziwe lilizwe inkqubo zobulumko behlelo obenziwe ngumntu; ukukuxelela, phambi kogqirha wengqondo, okokuba unakho na ukushumayela okanye hayi. Ayinayo nenye yemirhaji emdaka kuLo. Ibiyakuyityhala isuke ngoko nangoko kwangoko usawubeka apho. Awunakuyenza lonto. La mthombo uyahlwahlwaza, lonke ixesha. Uyakubeka enye yawo imirhaji kuwo, iyakuwulahla ecaleni okanye kwelinye. Ayinaxesha lamirhaji yobuhlelo kulo.

⁷⁷ Ayifuni sifunxo, hayi sihluzo, hayi kumpompaa, hayi kuxhuzula, hayi nanye enye. Ilapho nje, ihlwahlwaza. Ayidingeki ukuba ixhomekeke kwimvula zalapho ukuyizalisa. *Iimvula* zii “mvuselelo,” apho elaThende... Apho kukwela Thende loBomi. “Apho kukho iSidumbu, ahlanganisana apho amakhozi.” Akudingeki ukuba uyithe imvuselelo; akudingeki ukuba uthe nto. Kuphela kwento ekufuneka uyenze kukuza nje kwiThende. Lisoloko lizele ngalungileyo, amanzi amatsha, kwaye akukho siphelo kuLo. Liyaqhubekeka nje ukuhlwahlwaza.

⁷⁸ Akudingeki ukuba uye equleni, uze uthi, “Kulungile, ukuba iyana ize ihlambe ehokweni, siyakuba nento yokusela.” Yabona? Bethu, bethu! Hayi le. La mthombo umpompozayo utsica okulungileyo, amanzi abandayo lonke ixesha.

Ungaxhomekeka kuwo. Akunyanzelekanga uthi, “Kulungile, ndiyakuya kweli qula lidala. Sasifudula sisela kulo, kodwa ayikhange ine ixesha elide. Ndiyakuxelela, ingoma.”

⁷⁹ Yilondlela ezinye zezinkqubo zenziwe ngabantu zizizo. Ungaya ngaphakathi, ukuba ufumana enkulu into ethile iqhubekela, umkhambathi omkhulu wokuthengisa into ethile, okanye—okanye uhlobo oluthile lwento ethile luqhubekela, imigidi emikhulu kunye nezinto ziqhubekela, umdlalo we bunco, nemigidi kwigumbi elingasezantsi, nayo yonke into, ungafumana indlu egcweleyo.

Kodwa apho uya khona apho eLaThende lihlwahlwazayo, lonke ixesha, abantu baphaya bafumana alungileyo, abandayo amanzi okusela. Ungaxhomekeka kuLo! Uthi, “Abakhange babenamvuselelo ishumi leminyaka.” Ukuba uphila ngelaThende, usoloko Ene mvuselelo eqhubekakayo.

⁸⁰ Nje ngomWelsh omncinci watshoyo. Okanye, ngelinye ixesha xa babenamvuselelo kaWelsh iqhubekela, kwakukho iziphathamandla ezithile zesuka eStates. Abanye babaGqirha bakhulu bobuNgcwele baya ngaphaya eWales, ukuya kufumana ukuba kwakuphi kwaye kwakungantoni konke oku. Ke babenezokhola zigqwethiweyo, nalominqwazi yabo ichotshisiweyo, kwaye babesihla ngesitalato.

Kwaye nako kusiza ipolisa elincinci, lijikelezisa intongana yalo endala esandleni salo, likhalisa umlozi, “Ezantsi emqamlezweni apho uMsindisi wam wafayo, ezantsi apho kucoqwayo esonweni ndakhala; apho entliziyweni yam iGazi laqatywa, uzuko kwiGama Lakhe,” lisihla ngesitalato.

Ke zathi, “Lo ukhangeleka njengomntu wenkolo. Siyakuya simbuze.”

Baze bathi, “Mnumzana!”

Wathi, “Ewe, mhlekazi?”

Wathi, “Silapha sisuka e-United States. Singabathunywa. Size apha ukuza kuphanda ngemvuselelo kaWelsh, efana nayo. SingooGqirha bobuNgcwele, kwaye silapha ukuza kuyiphonononga.” Wathi, “Sifuna ukwazi ukuba imvuselelo iphi, nokuba ibanjelwe phi.”

Wathi, “Mhlekezi, nifikile. Ndiyimvuselelo kaWelsh.” Amen! “Imvuselelo kaWelsh ikum. Apha kulapho ikhoyo.”

⁸¹ Yilondlela ekuyiyo xa uhlala ngelaThende laManzi aphilileyo. Iyaphila lonke ixesha, ihlwahlwaza kakhulu nakakhulu, nakakhulu nakakhulu. Akukho siphelo kuLo. Nakanye, “Hamba ubone ukuba amanzi athile, ukuba sibe nemvula apha kungekudala kwixesha eligqithileyo,” asiyiyo. LelaThende laManzi aphilileyo. Njengoko ndisitsho, Linikela ngaManzi Alo simahla.

⁸² Akudingeki ukuba ubeke amarhonya kuLo, ukufumanisa; imfundo ethile yerhonya, 'phambi kokuba umthumele yena ekushumayeleni, kwaye ubone ukuba uwapela kakuhle amagama akhe, uwathetha kakuhle, ukuba usebenzisa izibizo nezimelabizo, kwaye ngokunjalo, neziphawuli. Abaninzi babo abazi nokuba yintoni, kodwa uphila eThendeni nje ngokunye, yabona, ngokunye.

⁸³ Akudingeki lixhomekeke kwimvula zalapho, ukulizalisa, okanye kwimvuselelo zalapho, ngenxa yalo. Akunyanzelekanga ukuba yenze lonto, kuba aMandla alo nobunyulu balo bukuyo. Kulapho iLizwi likhoyo, aMandla AngaWalo! Xa umntu angalamkela Lona entliziyweni yakhe, Linobunyulu oboBalo. Linamandla Alo. LiseLizwini kanye ngoKwalo, kuphuma kulo uBomi.

⁸⁴ USirayeli akumka kuLo, babengena engxakini. Ngalo lonke ixesha besimka kuLo, bangena engxakini.

Into enye esiyenzayo ngoku. Xa imvuselelo isimka kuLo, ngoko ayilunganga. Izombela imithombo, kunye, okanye adamileyo amaqula, kwaye nako ke.

⁸⁵ Kodwa Wasoloko ebanceda bona. Abambombozeli kuLwandle oluBomvu, ngoko xa bambombozela... Kanti, kuko konke oko, Wayethembisile, wabenzela isithembiso. Wayenokubajikisa emva kanye apho, indlela ebesinokujonga kuyo; kodwa Wayethembisile ukuba uyakubasa apho.

Wenza ntoni? Bona abantwana bakaSirayeli, Wabathumelela iNtsika yoMlilo nayo yonke into, okobugqina, umprofeti wabo. Baza babakhokelela apho kulwandle. Kwaye, lonke ixesha, kukho ingxaki malunga Nalo. Kwaye naku kusiza uFaro nomkhosi wakhe. Kwaye uyazi wenza ntoni uThixo? Wavula nje oluya lubomvu, ludamileyo iqula.

ULwandle oluFileyo yeyona nto ifileyo ehlabathini. Lufile ngenene. Lidamile. Akukho nto inokuphila kulo.

Kwaye Waluvula waze wabakhulula, kwelinye icala. Wabathatha wabasa apho babengenakufuneka babotshwe yinto efana naleyo.

⁸⁶ Entlango, bafumanisa ukuba amatanki akunakuxhonyekekwa kuwo; ayomile. Bafumanisa, basuka komnye umngxuma wamanzi baya komnye. Xa babesentlango, babelambekele ukufa, okwamanzi okusela. Kwaye babesakuya kwelitanki khona apha, ichibi; kwakomile. Baya kwenye indawo; yayomile. Babengenakucinga ukuba babenokufumana ukusela.

Kwaye ngoko kanye kwindawo engacingelekanga kwintlango yonke, bafumana amanzi. Kwakuselityeni. Kwakuselityeni. Eyona ndawo ingacingelekanga yokuba umntu angafumana nawaphi amanzi, kuselityeni elomileyo

embidini wentlango. Kodwa, uyabona, uThixo wenza izinto ngelohlobo. Kweyona ndawo engacingelwanga, ngeyona ndlela ingaqhelekanga. Yilonto besisoloko sinayo.

⁸⁷ Bacinga ukuba kufanele ukuba ube nobuhlelo obukhulu, ngokudibana, kwaye ubayeke badibane bonke baze babe nokokuziguba kakhulu apho, nokunjalo, baze bafumane amawaka okusebenzisana, kwaye konke okunje, ukuba bebenemvuselelo.

Ngelinye ixesha uThixo uthatha umfo omcincinane omdala ongabaziyo no ABC bakhe, kwaye kanye phakathi kwegquba lamaqaba abangasaziyo nesandla sabo sasekunene kwesasekhohlo, Angavusa invuselelo eyakunyakamisa ilizwe. Wayenza ngexesha likaYohane. Wayenza ngexesha labaprofeti. Namnye kubo, njengoko sisazi, wayekhe wafunda, kodwa uThixo wayenokubafumana kwaye enze into ngabo.

⁸⁸ Kweli Litye kwaphuma amanzi. Waye liLitye. Kwaye Wayalela eliLitye, ukuze libethwe. Kwaye Wanika amaninzi amanzi anyulu, amatsha, acocekileyo amanzi kuye wonke umntu oyakusela. Wabasindisa bonke ababesakusela kuLo. Esondele ngokugqibeleleyo noYohane 3:16.

... UThixo walithanda ihlabathi, wanikela ngoNyana akuphela kwamzelelo, ... othi akholwe kuye angatshabalali, koko abe nobomi obungunaphakade,

⁸⁹ UThixo walibetha ela Litye, eKhalvari. Ugwebo lwethu lwaluphezu Kwakhe, ukuze kuYe kuphume uMoya woBomi oyakunika wena nam uBomi obunguNaphakade. Lowo ngumzekelo ogqibeleleyo waLo, apho kule ntlango.

⁹⁰ Zange kudingeke batsale, bombe, bampompe, okanye nayiphi into; nje kukuxhamla kwindlela ayinikezeleyo Yena, simahla. Xa, kwakungadingeki balombe kwichibi. Kwakungadingeki ukuba balitsale ngebhekile. Kwakungadingeki ukuba babe nesijijo ukuze babenokulifumana. Kwakufuneka nje baxhamle okwalo.

Kwaye kuko konke okukuko ngoku. Akudingeki ukuba uzibandakanye nanto. Akudingeki ukuba uhle uye esiguqweni ukuze usebenze into ethile, ulimpompe. Akudingeki utsho ilizwi kwakhona na kwakhona na kwakhona, de ufumane ukubhidana kwelwimi. Kuphela kwento ofanele kukuyenza kukuba xhamla nje kuYe, simahla, indlela uThixo ayinekezeleyo. Hayi ukumpompa, hayi ukutyhala, hayi kwanto; thatha nje koKwalo, simahla. Akukho nto kufanele uyenze; xhamla nje koKwalo. Kuku, kholwa nje Kulo. Kuko konke endingakutsho kulo.

Kwakungazanga kubekho nto babefanele kukuyenza ngalo. Zange kufuneka bombe ngenxa yalo. Zange kufuneka babheke ezantsi baze balile ubusuku bonke, ngenxa yalo. Baxhamla nje kokwalo; lalibethiwe kwaye lilungile. Ilungile lonto.

⁹¹ Ndjonge kwindoda ngoku, ihleli ngasemva egumbini apha. Ndiyakhumbula ndiyixelela oko, kwidladla elidala ngenye imini, kwindawo yokutyela izilwanyana.

Kwaye wathi, “Kodwa andilunganga.”

⁹² Ndathi, “Ndiyazi akulunganga.” Kwaye ndathi, “Andilunganga, nam.” Kodwa ndathi, “Ujonge koko ukuko. Kwaye yeka ukujonga koko ukuko, jonga koko Akuko.”

Wathi, “Ukuba nje ndinokwahlukana nalemidiza, Mzalwana Branham, ndi—ndi—ndiyakuba nguMkristu.”

⁹³ Ndathi, “Sukwahlukana nayo. Uzama ukulunga ukuze ngoko uze kuYe. Akazange eze kusindisa umntu olungileyo; Weza kusindisa umntu ongalunganga abazaziyo ukuba abalunganga.”

Wathi, “Kulungile. . .”

Ndathi, “Phulaphula, akufuni kuya esihogweni, uyafuna?”

Wathi, “Hayi.”

⁹⁴ Ndathi, “Kulungile, akudingeki ukuba uye. Wafa ukuze ungabi saya.”

Wathi, “Kufanele ndenze ntoni?”

Ndathi, “Nanto. Ilula nje injalo.”

Wathi, “Kodwa ukuba ndingakhe. . .”

⁹⁵ Ndathi, “Nako ke, emva emdizeni kwakhona. Hlukana nokucinga ngala mdiza. Khumbula nje, cinga Ngaye, oko Wakwenzayo, oko Akuko; hayi ukuba uyintoni wena. Akulunganga; kwaye akuzange walunga, kwaye akusokuze ulunge. Kodwa, oko Akuko, UnguLowo!” Kwaye ndathi, “Ngoku, kuphela kwento ekufuneka uyenze; ukuba Wathatha indawo yakho ezantsi phaya, wamkela nje ngokuthanda oko Akwenzileyo. Kuphela kwento ofanele uyenze kukuyamkela.”

“Kuthini,” wathi, “ngokulula. Ndiyakuyenza lonto.”

⁹⁶ Ndathi, “Nanku umfula.” Yabona? Ndamzisa apha ndaza ndambhaptiza eGameni likaYesu Kristu.

Abanye babantu bakhe bahleli apha, kwaye ndi—ndiyazi baziva bemangalisiwe ngakum ngokwenza lonto, kodwa ndandisazi ukuba ndenza ntoni. Ndabona endodeni into eyayinyanisekile. Ndandinokuyibona apho, kwaye ndamthatha ndaza ndambhaptiza eGameni leNkosi uYesu.

Kwaye, xa sakwenzayo oko, zange kube kudala emva koko de nderhla ndaya kwindlu yonyana wakhe. Sabona u—umbono womthi wophuke ndaweni ithile, yaza indoda yawa, phantse yophuka umqolo. Yathathwa yasiwa esibhedlele. Kwaye ngobobusuku iNkosi yatyhila, kum, eso yayisisiphelo semidiza.

Ke ngosuku olulandelayo wafuna imidiza. Ndathi, “Ndizakumthengela iqokobhe kwaye ndize ndilise kuye. Uze

uqwalasele ubone, iintsuku zakhe zemidiza ziphelile.” Zange aphinde atshaye nomnye okoko, kwaye zange afune nomnye okokoko. UThixo!

⁹⁷ Yabona, into yokuqala okufuneka uyenze kukuza kwelaThende. Kufanele uze kulaManzi, uqonde ukuba asiyinto ongayenza. Yinto Akwenzele yona. Akudingeki ukuba wombe; akudingeki ukuba umpompe; akudingeki ukuba uyeke *le*; akudingeki ukuba uyeke *leya*. Kuphela kwento omawuyenze kubaphaya uze usele. Kuphela. Ukuba unxaniwe; sela!

⁹⁸ Ngoku, WayeliLite. uThixo wambetha Yena ngenxa yethu, kwaye Wanika amaninzi anyulu, acocekileyo amanzi. Usakwenza futhi, namhlanje, kuye wonke ubani oyakuthi akholwe. Olu lubabalo Lwakhe, kunjalo, kubantu Bakhe, thina.

⁹⁹ Kukho into enjenge phaya, njengabantu banamhlanje, bakulungele ukwamkela abanokufumana, kodwa abafuni kunika nkonzo ngembuyekezo. USirayeli wayekulungele u—ukusela elityeni ngoku, kodwa babengafuni kumnika uThixo inkonzo Yakhe eyayifanele Yena.

¹⁰⁰ Kwaye Usoloko esinika inkonzo. Uyazi, asinakho nokuphefumla ngaphandle Kwakhe. Asinakuphefumla ngaphandle kwenkonzo kaThixo. Yilondlela sixhomekeke ngayo kuYe. Kwaye, kanti, iphantse isaphule kubini ukuba sizama ukwenza, sisenzela Yena into. Usicela ukuba senze into, hamba uye kubona umntu othile, hamba uye kuthandazela umntu othile, hamba uye kunceda umntu othile, iphantse isaphule, ukuyenza lonto. Kodwa asifuni kwenza nenye into kuYe ngokwekonzo.

¹⁰¹ Isikhalazo Sakhe sesi, “Bandishiyile Mna, iLizwi; baze bamkela iqula eliqhekekileyo, endaweni. Bamkela... Bandishiyile Mna, iThende loBomi, iThende laManzi oBomi; kwaye banqwenela kwaye bangade basele equleni elidamileyo.” Ungafane ucinge lonto?

¹⁰² Ungafane ucinge umntu ngoku, ukuba, *apha* ngumthombo ompompozayo ukhupha nje lawo mahle, amanzi abu kalika, kanye entliziyweni yamatye, ezantsi apho kumandlalo wentlabathi, nokunjalo, ebanda nje kwaye elungile njengoko anokuba njalo; kwaye angade asele kwiqula phaya, elihlambe okusuka phezu komphezulu wehoko, nezindlu zokukhusa, nazo zonke izakhiwo zangaphandle ekujikelezini indawo? Awagalele kanye kwelaqula phaya, apho ubuncangathi bamanzi butsalela khona, kukusuka ehokweni, ezitalini nase buhlanti, nayo yonke into efunxelwa kanye emva equleni, kwaye ngoko sifuna ukwam-... baya kusela kulonto phambi kokuya kula mthombo umpompozayo? Kuyakubakho into engalunganga engqondweni kulomntu. Injalo lonto.

¹⁰³ Kwaye xa indoda okanye umfazi ayakuthatha ihlelo kwlikumeleyo, eliyakuvumela ukuphothwa kweenwele,

ukunxitywa kwezimfutshane, ukuqatywa ubuso, zonke ezindidi zezinto, nezithile ezincinci iintlobo ze—zenkqubo, nako konke okukuqhubekekayo, aze aya kwibala elibusitya lokudlala, nabo—nabo bonke obo buvuvu apho, aze abenokumelana nalonto; kwaye njengoko kungcono kunokuba besenza abodidi lakudala beLizwi likaThixo eligawula lize lombe, kwaye lenze amanenekazi kubafazi, lize lithathe kwaye lenze banxibe kakuhle kwaye benze kakuhle, lithathe imidiza namacuba, nokuthuka nokuqalekisa, nokuxoka nobusela, kumke kuwe, nalo lonke ihlabathi limke kuwe, lize likunike Ntoyimbi egqibeleleyo eyonelisayo. Kutheni lento indoda okanye umfazi aya kuya kwinto enjeya ngaleya ukuzithuzela? Ungayifumana njani intuthuzelo kula nto?

¹⁰⁴ Ungawafumana njani amanzi amatsha kwiqula elidamileyo? Kutheni lento umntu... Ukuba umntu uya kwiqula elidamileyo ukuya kufumana ukusela, xana kukho umthombo ompompozayo ovulekileyo, ungathi, “Kukho into engalunganga nengqondo yala mntu.”

Kwaye xa umfazi okanye indoda isiya kwindawo enjeya ukuya kufumana intuthuzelo, kukho into engalunganga ngokwasemoyeni ngala mntu. Abalifuni iLizwi. Ibonisa ukuba imvelo yabo ise lisele, okanye intshontso lesele, okanye into ethile, ilungile lonto, into ethile yaloo mvelo ethanda elaqula lidamileyo, ngokuba olwahlolo lwezinto azinakuhlala kwiqula laManzi amatsha. Abanakuyenza; ngaManzi amatsha. Abanakuyenza.

¹⁰⁵ Noku, isikhalazo sasisesi, “Balishiyile Lona.” Kwaye namhlanje benze kwa into enye.

Ngoku jonga kumfazi emthonjeni. Kulungile, weza kwiqula likaYakobi, kwaye wayefumana amanzi apho lonke ixesha, kwiqula likaYakobi. Kodwa iqula likaYakobi, ihlelo, siyakulibiza, 'ngoba wemba amathathu awo; kwaye eli wayelembile. Ngoku, wayenebali elikhulu. Wathi, “Ngoku, ubawo wethu wemba lomthombo, uYakobi. Wayesela kuwo, neenkomo zakhe kuwo, nayo yonke into. Ayikho ntle ngokwaneleyo?”

¹⁰⁶ Wathi, “Kodwa amanzi awakhayo apho, uyanxanwa kwakhona, unyanzeleke ubuye kwakhona ukuza kuwakha. Kodwa,” wathi, “aManzi Endikunika wona aliThende, iNgxangxasi etsica esusa ngaphakathi, kwaye akuzi apha kuza kufumana Lona. Likuwe kanye.”

¹⁰⁷ Qaphela. Kodwa xa wakubhaqayo ukuba iThende leSibhalo lithethile naye, ngomqondiso weSibhalo awayewukhangela, washiya lankqubo yehlelo likaYakobi kwaye akazange aphinde abuye kulo kwakhona, ngokuba wayefumene iLitye lenene. Yabona? Wabaleka waye esixekweni. Wayegqibile ngesono. Wayengasenguye umfazi omdaka. Wathi, “Yizani, nibone Lowo

ndimfumeneyo, uMntu Ondixelele izinto endakhe ndazenza. Akangebi Lo nguyena Kristu?” Wa...Ela qula lalinokuba lalilungile; laliwenzile umsebenzi walo. Ngoku wayekwiThende lenyaniso. Iqula lalilungile de iThende lenyaniso lavulwa. Kodwa xa iThende leza, iqula lalahlekelwa ngamandla alo. Wafumanisa ukuba kukho indawo engcono yokusela.

¹⁰⁸ Kwaye kukho indawo engcono. Kukho indawo engcono, kwaye ikuKristu. KuYohane oNgcwele 7:37 nama 38, uYesu wathi, ekupheleni kwesidlo semiquba, “Ukuba umntu unxaniwe, makeze kuM, asele.”

Babechwayitile bonke. Babe namanzana amancinci atsiqiweyo ephuma phantsi kwesibingelelo, kwaye—kwaye kulapho babesela apho bonke, kumbhiyozo, wesi—wesidlo. Kwaye bathi, “Oobawo bethu basela kwilitye likamoya entlango.” Yabona, bazembele iqula, amanzi athile adamileyo bawampompa ndaweni ithile, atsicieleke ngaphantsi kwetempile apho. Kwaye bakungungelana bonke kula manzi baze basele, baze bathi, “Kwiminyaka eyagqithayo, oobawo bethu basela entlango.”

UYesu wathi, “Ndilelaa Litye lalisentlango.”

Bathi, “Sitya imana evela eZulwini, kwaye uThixo wayinethisa.”

¹⁰⁹ Wathi, “Ndiyiloo Mana.” U, ela Thende, elalimi phakathi kwabo. Esa Sonka soBomi sasimi phakathi kwabo.

Kwaye futhi zange basifune Sona. Babexolele ukuba nequla labo; ngokuba, umntu wayenza *lento*, kwaye uThixo wayethumele Oko. Ngokuchanekileyo ngumahluko lowo. Bazombela amaqula!

¹¹⁰ Wathi, “Ukuba ubani unxaniwe, makeze kuM, aze asele.” Ulela Thende.

Kwaye njengokuba iSibhalo sitshilo, “Embilinini wakhe kuyakumpompoza imilambo yaManzi aphilileyo.” Owu, Ungulaa mthombo umpompozayo! “Embilinini wakhe, okanye kokona kungaphakathi, kuyakumpompoza imilambo yaManzi aphilileyo.”

¹¹¹ Ulela Litye lalise...Lalilitye likaHagare, ngexesha lembandezelo; xa usana lwakhe lwaluza kufa, xa wayexothiwe enkampini, kwaye ephandle phaya kunye no-Ishmayeli omncinane. Amanzi akhe, equleni lakhe ewayewaphethe, ayenikezele. Waze wambeka u-Ishmayeli omncinane phantsi; waza wahambela mgama, utolo lwesaphetha, waza walila, kwaye, owu, ngokuba wayengafuni ukubona usana lusifa. Kwaye konke ngaxeshanye, iNgelosi yeNkosi yathetha, waza wafumana iBheer-...Bheershebha, u—umthombo apho owawumpompoza, kwaye osampompozayo nanamhlanje. WayeyiBher-Bheershebha kaHagare, iLitye phandle phaya entlango.

¹¹² Lalimi apha kwiThende lizele liGazi, ngaloo mini, limi apho entempileni. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]...ngexesha lesaqhwithi. KuZakariya isahluko sama-13, Wayelela Thende lalivuliwe endlwini kaDavide, lokucoca, kwaye le (sono) ukucoca isono. Wayelela Thende. Kwaye kwiiNdumiso 36:9, WayeLithende loBomi likaDavide. Kwaye uselela Thende endlwini kaDavide.

Kwaye Ungowe mbongi, entliziyweni yayo apho. Imbongi yathi:

Kukho iThende lizaliswe ngeGazi,
Litsala kwimithambo ka-Imanuveli,
Xa aboni benyhalwe phantsi kwempuphuma,
Lisusa onke amabala obutyala.

Ulela Thende loBomi, iThende laManzi. UliLizwi likaThixo.

¹¹³ Abantu balemihla yokugqibela bamshiyile Yena, iLizwi lenyaniso, Amanzi oBomi; baza bazombele amaqula obuhlelo; kwaye, kwakhona, bomba, bagrumba!

¹¹⁴ Kwaye ngoku siyafumanisa, babenamaqula aqhekekayo. Kwaye ngoko lamaqula azaliswe zezintsholongwane zingakholwayo, eziqhayisayo ezingakholwayo, iikqubo zemfundo, nayo yonke, echaseneyo nezithembiso zikaThixo. Bangabathandabuzi beLizwi.

¹¹⁵ Ngoku, lamaqula babenawo, iBhayibhile ithe, aye “qhekekile.” Iqula *eliqhekekileyo* liqula “elivuzayo,” kwaye lithontsizela ngaphandle. Lenza ntoni? Lithontsizela kumgobhozo wenkolo obizwa ngokuba liQumru leeCawa zeZizwe. Kwaye kulapho iqula eliqhekekileyo libakhokelela khona, bonke ngokuba bamshiyile Yena, baza ba...iThende laManzi aphilileyo; baza benza lamaqula.

¹¹⁶ Bemba iinkqubo ezinkulu zenkolo, imfundo, kwaye ngokunjalo. Elo luhlobo lwamaqula abawembayo namhlanje, ukuba indoda kufuneka ibe nePh.D., okanye iLL.D., okanye iSidanga soBugcisa, okanye okuthile, phambi kokuba unokuthi ahambe ayokushumayela. Amaqula azaliswe yimfundo ngezenkolo eyenziwe-ngumntu. Babathatha babase kwezi zinkulu izikolo zokufunda, kwaye apho babahlohla eyabo eyenziwe-ngumntu imfundo ngezenkolo, baze babathumelela ngaphandle nalonto. Enjani imini esiphila kuyo, amaqula enziwe-ngumntu! Akukho ngxaki i...Akumangalisi ukuba into iye yaba ye—yenukayo, owu, bethu, kungokuba abantu basela kuyo.

¹¹⁷ Kwaye xa abantu befuna uvuyo namhlanje, benzani? Abantu, endaweni yokuba bamkele uvuyo lweNkosi, baguqukela esonweni, ukuze bonwabe. Abantu abaya ecaweni baze babange ukuba zizicaka zikaKristu, xa befunyanwa kukuphakuzela okukhulu balumeka umdiza. Kwaye xa be—xa

befuna u—ukuba nobumnandi, banamathela kwimpahla zabo zempalalo baze baphume bachebe ingca xa indoda igqitha, ukuze bayenza ibabize ngamakhwelo. Benza konke ukuze badume. Bafuna ukubukeka njengeendumasi zemidlalo bhanyabhanya. Luvuyo lwabo olo.

Xa, uYesu wathi, “Ndikukwanela kwabo.”

Isizathu sokuba baye koko, ngokuba abafuni kusela kwelaa Thende. Balalile. Abafuni kusela kuLo. Bazibandakanye nokuthile kwenkqubo eyenziwe-ngumntu, iqula oluhlobo luthile elizele zizo zonke iintlobo zezinto ezidamileyo, ukuze bahambe ngolohlobo.

¹¹⁸ Izolo, besinabantwana phaya emlanjeni. Ndiyakholwa bekungoMgqibelo kusasa. Sihlile; uBilly ebeloba emkhombeni. Kwaye sithathe abantwana sabanyusa, umzukulwana wam omncinci kunye nabo, intombi yam, nonyana wam omncinci, kwaye senyuka ngomlambo uku—ukukhwela umkhombe. Ubungenakho nokukhwela umkhombe emlanjeni, ngenxa yobuxelegu, ubumdaka, nobunyundululu babantu abalapho emlanjeni, baphantse baze kwaye bayaqhubekeka. Umkhombe wahamba ecaleni kwethu, igquba labancinci beshumi elinambini-, ishumi elinesine iminyaka ubudala bamakhwenkwe, ngamnye nenkonxa yebhiya esandleni sakhe, kunye nomdiza. Bakubiza oko “ukuba nolonwabo.” Owu, bethu! Kuyakude kube nini elihlabathi limile, line njeya yona inkqubo?

¹¹⁹ Ngoko ukuzikhulula kwezongcinga zokuba xa besifa bayakuya esihogweni, into abayenzayo, bahamba baze bazibandakanye kwenye yala maqula enziwe ngumntu. Ke ela qela linye labantu lelaphaya kwelaqula. Aliyonto kodwa igquba lokungcolileyo, lobumdaka bonojubalala belizwe. Kwaye bazibandakanye koko ngokuba, njengo mama wam omdala owayeqhele ukuthi, “Iintaka zentsiba zibhabha kunye.” Abasayi kuza kwiThende baze bacocwe koba bomi besono. Bafuna ukuphila khona phaya, baze kodwa babambe ubugqina bokuba bangaMakristu. Kutheni? Bamkile kuYe, elenyano iThende lovuyo, loBomi, uBomi obugqibeleleyo nokonceliseka. Sesosizathu bakwenza oko, ngokuba kuba befuna ukuzibandakanya. Babenohlobo lwabantu apho ababekholwa kulo mhlobo.

¹²⁰ Apha kungekudala, uMzalwana uFred nam, noMzalwana uTom, igquba lethu saya kweqaphelekayo icawa yeBhaptizi kwisixeko sase Tucson, ukuya kubona ukuba asinakufumana okuthile okuncinci okuyakusinika mhlawumbi ukuziva okuncinci okutsha. Kwaye umlungiseleli watsho into engenye malunga nabantu eYiphutha, xa bemka babesitya itswele kwaye ke nokunye, babefuna ukubuyele emva kwakhona ukuze batye oko. Wathi, “Yinto ethile nabantu banamhlanje.”

Kwaye, si, wonke umntu wathi, “Amen!” Andizange ndibone olunjeya igquba! Ibandla lonke lalahlekelwa kukujonga umshumayeli laze lajonga ngasemva ukubona ukuba yayingubani owathi “amen.” Phantse yaboyikisela ukufa. Babengayazi ukuba yayiyintoni.

Xa, uDavide wathi, “Yenza ingxolo yovuyo eNkosini. Mbonge Yena ngemirhubhe! Mbonge Yena ngembande! Mayithi yonke into enomphefumlo iyibonge iNkosi. Kwaye mayibongwe iNkosi!” UThixo uvuya kubantu Bakhe. Mabathi abafundileyo, bathi, “Amen,” xa yonke into itshiwo kakuhle.

¹²¹ Kutheni ningemki kule nkqubo nakula maqula elizwe, niye kwethembekileyo inkqubo kaThixo, engumthombo ompompozayo, uYesu Kristu? Kutheni ningayi kuYe, apho uThixo eyintlutha yethu yovuyo, intlutha yethu ezidumisweni, intlutha yethu ekonelisekeni? Intuthuzelo ekuphaphazeleni kwam ivela kuThixo.

Xa ndikrazulwe, ndifumana ukoneliseka kwam kuKristu, hayi kumdiza, hayi kwizinto zelihlabathi, hayi ekuzibandakanyeni nomgaqo; kodwa ekufumaneni Yena, iLizwi elithenjisiweyo Alitshiloyo, “Ukuba Ndithe ndemka, Ndiyakubuya kwakhona ndinamkele.” Ndifumana uvuyo lwam koko. Uluvuyo lwam Yena.

¹²² Bathi namhlanje, ngokuzibandakanya nezi zinto nokwenza iQumru leeCawa zeHlabathi, ukuba bazakwenza indawo engcono yokuhlala. Kolunyanisekileyo uluvo lwam, bazakwenza indawo engcono yokona. Nje yilo...Yonke lonto sisono, nakanjani; hayi ukuhlala kuyo, kodwa ukufela kuyo. Benze indawo yokona kwi—sono, endaweni yokuhlala kuyo.

¹²³ Yonke enye into, ngaphandle koYesu Kristu neLizwi Lakhe loBomi, liqula eliqhekekileyo. Yonke into ezama ukumisa endaweni Yayo; yonke into othi uzame ukuyenza ukuzizisela uxolo, yonke into othi uzame ukuyenza ukuze ikuthuthuzele, lonke uhlobo lovuyo othi ulufumane nakweyiphi enye into, eme endaweni yaLe, liqula eliqhekekileyo lizele bubumdaka. Unika ukoneliseka okugqibeleleyo.

¹²⁴ Ndikhumbula apha, kumaxesha ambalwa agqithileyo asehlotyeni, ndaphuma kwisango langasemva. Kwakukho saphuselane sincinci phandle phaya esathi kum, sathi, “Uyazi, isizathu sokusoloko uthetha ngabafazi ngolwahlobo, banxiba ezo zimfutshane nezinto,” wathi, “ngokuba ulixhego.” Sathi, “Sesosizathu kunjalo.”

Ndathi, “Jonga apha. Umdala kangakanani?”

Sathi, “Amashumi amabini anesixhenxe.”

¹²⁵ Ndathi, “Xa ndandineminyaka emininzi engaphantsi kuwe, ndashumayela kwa into enye.”

Ndafumana iThende lokwanela. Usisabelo sam. Amen! Okokoko nje Esandinika oko, bubuhle. Obo—obo

bobam...Obo bobam ubuchule, bujonge kuYe, bujonge isandla Sakhe sisebenza kwaye ndibona Akwenzayo. Akukho elinye ithende endilaziyo!

Owu, kuhle ukumpompoza
 Okundenza ndibe mhlophe okwekhephu;
 Akukho limbi ithende endilaziyo,
 Akukho limbi kodwa liGazi likaYezu.
 Kukho iThende lizaliswe liGazi,
 Litsala emithanjeni ka-Imanuveli,
 Apho aboni banyhalwe khona phantsi
 kwempuphuma,
 Lisusa onke amabala obutyala babo.

¹²⁶ Ndiyakuxelela, akukho limbi ithende endilaziyo koko lelaThende. Landicoca mna xa ndandimdaka. Lindigcina ndicocekile, ngokuba ndifuna ukuphila kanye kuLo, ndisele laManzi matsha azalisa umphefumlo wam ngovuyo.

Ndingaba ngophantsi kakhulu, kwaye ndive ukuba andinakho kwaphela ukuqhubeka...omnye umjikelo, andinakuya naphi na; ngoko ndingaguqa phantsi ndize ndibeke umnwe wam kwisithembiso, ndize ndithi, “Nkosi Thixo, Wena ungamandla am. Wena ukukonela kwam. Wena ukuko konke kuko konke kum.” Ndingaqalisa ukuva Into ihlwahlwazela ngaphakathi kum phaya. Ndiphuma kuyo.

¹²⁷ Njengokuba ndigqithile kumashumi amahlunu eminyaka ubudala, ndingavuka ngentsasa, uyazi kuba kunjani, kunganzima nokukhupha olwanyawo lunye ebhedini. Bethu, kunganzima ukuyenza lonto; kwaye mntu uthile emnyango, enkqonkqoza, okanye uBilly endixelela ukuba kukho unxunguphalo, ndaweni ithile kufuneka ndiye. Kwaye ndicinga, “Ndingayenza njani lonto?” Ukuzama ukukhupha unyawo lube lunye ngaphandle.

Ndicinga, “Wena uLithende elizaliswe ngamandla am. Amen! Amandla am noncedo lwam luvela eNkosini. Wena ungumthombo wam ompompozayo! Wena ububutsha bam! ‘Abo balindela eNkosini bohlahziyeka emandleni; bontinga ngeempiko njengokhozi; bobaleka, kwaye bangadinwa; bohamba, kwaye bangatyafi.’ Nkosi Thixo, luxanduva lwam, ukuhamba. Ndibizelwe esithubeni somsebenzi.” Kwaye into yokuqala oyaziyo, Into ethile iqalisa ukungqumshela ngaphakathi kum.

¹²⁸ Ngenye imini, ngaphaya kwindawo encinci, ndandinentlanganiso ngaphaya apha eTopeka, Kansas; kwakukho inkwenkwe, umshumayeli omncinci, omnye wabaxhasi-ngezimali bam bokuqala. UMzalwana uRoy, ehleli apha, uyayikhumbula indawo. Kule, kulendawo inkulu apho, kwakukho u—u... Lo mshumayeli wangena phantsi kophahla okanye indawo, icala lendonga lamtyobozela ngaphantsi koko.

Umfo omncinci wayezakufa. Isibindi sakhe sasigqabhukile. Udakada wakhe wawubethekile waphuma endaweni yawo. Imigodlo yawela kuye.

¹²⁹ Ndahlala kwisidlo sakusasa, ndithetha nomfazi. Ndathi, “Mfazi, uyazi, ukuba uYesu ebelapha, uyazi ukuba Ubeya kwenza ntoni?” Ndathi, “Xa wandixhasa ngezimali, ‘Ndiyalikholelwa ela Lizwi,’ wayexhasa ngezimali uKristu.” Kwaye ndathi, “Elo liqhinga ledemoni.” Ndathi, “Ukuba uYesu ebelapha, Ubeya kuya abeke izandla Zakhe ezingwele phezu kwakhe. La nkwenkwe ibiyakuphila. Andikhathali nokuba isibindi sakhe sigqabhukile. Ubeya kuphila, ngokuba uYesu ubeya kuya phaya esazi ngokucacileyo ukuba wayeNgubani Yena. Wayelwazi ubizo Lwakhe, iZibhalo zazinyanisile, zingqina kuYe ukuba Wayesazi ukuba wayeNgubani Yena, kwaye hayi i. . . hayi kwasithunzi sentandabuzo. Ubeya kubeka izandla Zakhe phezu kwakhe, aze athi, ‘Nyana, phila,’ phuma apho.” Kwaye ndathi, “Akukho zidimoni zaneleyo esihogweni zokubulala lankwenkwe, ngoko.” Ndathi, “Uzakuphila.” Kodwa ndathi, “Uyabona, sthandwa, WayenguYesu, izandla ezingwele zikaThixo.”

Ndathi, “Ndingumoni. Ndazalwa ngozalo lwenkanuko. Utata nomama wam babengaboni bobabini, kwaye ndiyinto engalunganga engento.”

Kwaye ndathi, “Kodwa uyazi intoni? Ukuba iNkosi ingandinika umbono ize indithumele ezantsi phaya, ngoko oko kuyakwahluka.” Ndathi, “Ndingehla ndibeke izandla zam kuye, ubeyakusuka kulamandlalo ukuba Undinika umbono.”

¹³⁰ Ngoko ndangena ekucingeni, “Emva koko, ukuba yayingumbono, yayiyintoni? Yayisezezozandla zimdaka kuye, uh-huh, umntu omnye emthandazela, izandla ezinye ezimdaka.”

Ngoko ndaqalisa ukucinga, “Ndingummeli Wakhe. Ngoko, uThixo akaboni mna. Ela Gazi laLowa ulilungisa ilele phezulu phaya phezu kwesibingelelo; lenza ungxengxezo lwam. Ukukwanela kwam. Ungumthandazo wam. UbuBomi bam.” Ndathi, “Kuphela kwento eyakundenza ndibeke izandla zam phezu kwakhe, ngokholo, ngokuba ndinokholo embonweni. Kwaye ngaphandle kombono, ukholo olunye luyakwenza kwa into enye; ngoko ke andizibaleli ntweni, kodwa ndiphakamisa Yena owam wonke kuko-konke. UbuBomi bam. UnguMmiseli wam. Akukho hlelo lindithumileyo; Undithumile. Haleluya! Ndiya eGameni Lakhe. Ndizakubeka izandla phezu kwakhe.” Ndehla ndaya phaya kwaye ndabeka izandla kula nkwenkwe, kwaye ngobo busuku wayesemhlanganweni, ephile qete. Amen!

¹³¹ Owu, ewe, Ulela Thende. “Akukho limbi ithende endilaziyo. Akhonto koko liGazi likaYesu!” Ndingumnuki, ndingumkreqi, sonke kuthi ngabanye sinjalo, kodwa phambi

koThixo sigqibelele. Ye...“Yibani ngabagqibeleleyo, kwanjengokuba noYihlo wenu oseMazulwini egqibelele.” Ungabanakho njani? Ngokuba Ogqibeleleyo usimele phaya. Ela Thende liphaya yonke imihla, litsha. Hayi into ethile edamileyo, kodwa litsha yonke imihla, elihlamba zonke izono zam. Ulela Thende.

¹³² Ngoku ekuvaleni, ndingakutsho oku. Nayiphi into eyohlukileyo Kweli ngamaqula aqhekekayo, kwaye liyakuvuza ekugqibeleni likhuphe oko ukufakayo kulo; ukuba ubeka onke amathemba akho, lonke ixesha lakho, nayo yonke into, kwelinye lalawo adamileyo amaqula. UYesu wathi yayingamaqula aqhekekileyo. UThixo wathi, “Aqhekekile, kwaye ayakuvuza konke okufakileyo.” Akunakuhambela phambili nawo, 'kuba ayakuvuza. Ngokuba Ukuphela kwendlela eya eNyanisweni, eBomini, nakuvuyo olunguNaphakade, nakuxolo olunguNaphakade. Ukuphela Kwakhe nokuphela kwendlela eya Koko. Owu, bethu!

¹³³ Elingatshiyi iThende loBomi nguYesu Kristu. Kutheni? Kwaye Ungubani Yena? ILizwi, elinye; iLizwi, uBomi, iThende, “likwalilo izolo, namhla, naphakade.” Ikhulwa lenyani, Luvuyo lwakhe oluphakamileyo, uBomi bakhe obuphakamileyo. Nokonela kwakhe okuphakamileyo kukuKristu. Akukho kumpompa, akukho kutsala, akukho kuxokomezela, akukho kuhlangu ngamali; kholwa nje kwaye uphumle. Yilonto Ayiyo ko kholwayo.

¹³⁴ Njengobawo u-Abraham; zange atsale, zange akhathazeke, zange adakumbe. WayeneLizwi. Walala phezu kwesifuba sika El Shaddai. Xa u-Abraham wayenekhulu leminyaka ubudala, uThixo wabonakala kuye, kwaye wathi, “NdinguSomandla.” Igama lesiHebhere ngu *El Shaddai*, lithetha, “oneSifuba-Yena.” “Kwaye umdala, kwaye amandla akho aphelile, kodwa lala nje phezu kwesifuba Sam kwaye wonge amandla akho kweli Thende.” Amen! Wazongela entweni ni? Umzimba omtsha. Waba nomntwana, ngoSarah. Kwaye, amashumi amahlanu eminyaka mva, waba nesixhenxe sabantwana ngomnye umfazi.

¹³⁵ Owu, El Shaddai! ITestamente Endala ibonisa Awakwenzayo, iTestamente Entsha ixela Aya kukwenza. Amen! KwiTestamente Endala...

¹³⁶ Ngoku umoya ucimile, ngoko ndiyakukhawulezisa ndiyeke apha ngoku, nje emzuzwini.

Ndingathanda ukutsho oku phambi kokuba ndivale. Ndibe nomzekelo olungileyo woku ngelinye ixesha. Bendihambahamba ndigadile. Kwaye abantu abaninzi apha...Ezantsi ekujikeleni eGeorgetown, ezantsi phaya eMilltown, apho laliqhele ukubakhona, kude ezindulini, ithende. Yayingumthombo ompompozayo. Yayikhuphela ngaphandle

malunga ne—nesine-okanye iinyawo ezintlanu zechibi lamanzi, nje ephokoka ngalo lonke ixesha, kunye nethende elikhulu apho. Kwaye kanye ekulijikelezeni yayi kokuninzi koku apha kwezityalo zokwenza amayeza, uyazi, nezinto ezikhulayo apho, okokufana nesityalo sesiqholo. Kwaye, owu, ndandisoloko ndikunxanelwe ukufika phaya, owu, bethu, ukufika kwelathende. Kwaye ndilale phantsi kulento ndize nje ndisele kwaye ndisele, ndize ndihlale phantsi ndisele, ndilinde.

Kwaye unyaka emva konyaka bendiyakuza kwakwelithende linye. Alizanga liphele, ubusika okanye ihlobo. Abazange babenakho ukulenza libe ngumkhenkce. Akunako ukuwenza ubengumkhenkce umthombo ompompozayo. Owu, hayi! Owu, hayi! Andikhathali nokuba—nokuba ibanda kangakanani, ayinako ukuyenza umkhenkce lonto. Ungalenza umkhenkce iqula; nje iqabaka encinci ingakwenza oko. Uyabona?

Kodwa yonke into eshukumayo, inoBomi kuyo, iyeshukumayo. Kwaye akunakho ukuwenza umkhenkce uMthombo ompompozayo. Nokuba udakumbe kangakanani na umoya apho kulo ndawo, loMthombo usoloko uphila. Hlala kulaa Mthombo.

¹³⁷ Kwaye ndaqaphela phaya, ndaya kwaye ndasela kulo, kwaye, owu, bethu, amanzi nje amatsha! Akudingeki ukuba uzikhathaze, “Kungathini, ukuba ndingene phaya, kungathini ukuba angayeka ukuphuma?” Ebephuma. . .

¹³⁸ Umfama omdala wandixelela, wathi, “Utat’omkhulu wam wayesela kulo.” Waze wathi, “Zange waphela okanye nayiphi na into. Isengumthombo omnye, uphokokela ngqo kuMlambo oluHlaza phaya.”

¹³⁹ Ndacinga, “Owu, bethu, enjani indawo kumanzi!” Ndiyakuhamba malunga nemayile ndiphume endleleni, ukuya kufika kulandawo, ngokuba yayiyindawo yenene yokusela. Owu, ayenjani ukulunga lomanzi! Owu, bethu!

Bendi—bendingaba phaya kulantlango, i-Arizona ngoku, ndisacinga ngawo, “Laa mthombo umangalisayo ezantsi phaya, ukuba nje bendinokulala kokuya!”

Njengoko watshoyo uDavide ngaxesha lithile, “Owu, ukuba ndingasela kube kanye okwesinye isihlandlo!” Ukuba nje ebenokufika phaya!

¹⁴⁰ Kwaye ndahlala phantsi ngenye imini, ndaza ndanento engaqhelekanga eyenzakayo kum. Kwaye ndathi, “Yintoni le ikwenza uvuye kangaka ngalo lonke ixesha? Ndinqwenela ukuba bendinokuvuya ngolohlobo. Kutheni, zange ndakubona udakumbile, okoko ndisiza apha. Akukho nakunye ukudakumba malunga nawe.” Ndathi, “Usoloko uzele luvuyo. Uyaxhuma kwaye uhlwahlwazele kwaye uqhubekeke. Busika

okanye hlobo, kubanda okanye bushushu, nokuba kuyintoni, usoloko uzele luvuyo. Yintoni le ikwenza . . . ? Yintoni, iyintoni? Ngokuba ndisela kuwe?”

“Hayi.”

Ndathi, “Ke, mhlawumbi imivundla isela kuwe, kwaye uyakuthanda oko kakhulu.”

“Hayi.”

Ndathi, “Ke, yintoni le ikuhlwahlwazelisayo ngolohlobo? Yintoni le ikwenza uvuye kangaka? Yintoni le ikwenza usoloko uzele luvuyo?” Ndathi, “Ingaba kungokuba ii—iintaka zisela kuwe?”

“Hayi.”

“Ngokuba ndisela kuwe?”

“Hayi.”

Ndathi, “Ke, yintoni le ikwenza uzale luvuyo olungaka?”

¹⁴¹ Kwaye ukuba la mthombo ubunokundiphendula, ubuyakutsho oku. “Mzalwana uBranham, hayi ngokuba usela; ndiyakuncoma oko, kwaye ndingakhuphela neentaka. Ndikhuphela wonke ubani ofuna ukusela. Kuphela kwento ofanele ukuyenza kukuza apha usele. Kodwa, into endenza mna ndivuye, asindim ohlwahlwazelayo, yinto engaphakathi, iyandityhala. Yinto iyandihlwahlwazelisa.”

¹⁴² Kwaye yilo ndlela okungayo nobomi obuzaliswe nguMoya. Njengoko uYesu wathi, Wayeku . . . Yabona, Uninika imithombo yamanzi empompozela kuBomi obungunaphakade, ompompozayo, uphokoka oko kuqukuqelayo okokoko. Nokuba ubuninzi becawa iphezulu okanye ezantsi, usephaya kulaa Mthombo.

Kutheni uyakuthatha inkqubo endala yobuhlelo nequla, lizele ziincukuthu kunye nezinye zonke, uze usele apho kulonto idamileyo, ngelixa umenyelwe kwiThende, uMthombo ompompozayo?

¹⁴³ Ndingcinga nje ukuba lityhala njani, kwaye litshize, kwaye—kwaye libobhoze, kwaye lihleke, kwaye livuye, kwaye lixhume, kwaye lidlale. Kubanda, kunetha; kushushu, komile, xa ilizwe lonke lalisoma, wawuhlwahlwaza njengoko usoloko usenza. Ngoba wawunzulu, uzinzile, ezantsi ukuhla ematweni uphuma khona.

¹⁴⁴ Owu, ndenze ndiphile ngokwakuPhokoka! Thatha konke okuzinkqubo zakho ezenziwe-ngumntu ozifunayo, yonke imithombo yakho edamileyo, kodwa ndiyeke ndize kwi . . . okanye amaqula adamileyo. Kodwa, ndiyeke ndize kweliThende, ndiyeke ndiye nje apho Ugcweleyo. UluVuyo lwam. UkukuKhanya kwam. Unga wam a—UngaMandla am. UngaManzi am. UbuBomi bam. UnguMphilisi wam.

UnguMsindisi wam. UnguKumkani wam. Yonke into endiyidingayo ifumaneka kuYe. Kutheni ndiyakufuna ukuya kwenye nayiphi na into?

¹⁴⁵ Mzalwana, dade, akunakuza kweliThende ngobubusuku? Akunakuza, ukuba zange ubephaya, akunakulamkela Lona ngobubusuku ngelixesha sithobisa iintloko zethu?

¹⁴⁶ Amaqula aqhekekayo, avuzayo, athontsizayo, ilizwe lithontsizela kulo, ubumdaka busuka ehokweni nobezinye iintsuku. Kutheni kungenguwo loMthombo, yona lanto ayinakuhlala ngaphakathi, eliThende likhulu lizele liGazi, litsalwe emithanjani ka-Imanuveli? Kutheni ungamkeli oko ngobubusuku? Wanga uThixo angasinceda ngobubusuku, kokukoma, umhlaba onxaniweyo. Njengoko umprofeti wathi, “UliLitey kumhlaba oxhwalekileyo.” UleloThende. Akunakuza kuYe ngobubusuku, ezintliziweni zenu, ngelixesha sithandazayo?

¹⁴⁷ Bawo othandekayo waseZulwini, akukho Thende limbi, njengoko umculo ucula, “Akukho limbi ithende endilaziyo; kuphela liGazi likaYesu.” Ndazalelwa phaya, ndakhuliselwa phaya; ndifuna ukuhlala phaya, kwaye ndifele phaya, ndize ndiphinde ndivuke kwakhona phaya, eBukhweni Bakhe. Okokoko, Nkosi, ndenze ndibe seBukhweni Bakhe, kuba akukho wumbi endimaziyo. Hayi umgaqo, hayi uthando; hayi uthando kodwa uKristu, hayi umgaqo kodwa uKristu, hayi incwadi kodwa iBhayibhile, hayi nayiphi enye, akukho vuyo ngaphandle Kwakhe. Mthathe Yena kum, Owu Thixo, andikhathali nokuba kungakanani na okwehlabathi endinako, liya—liya kube lifile, ndiyakujikeleza ndithwele izandla zam entloko. Mthathe Yena kum, ndiyakuba ngomkileyo, Nkosi. Kodwa makabe kum Yena, ngoko uDisemba umnandi njengoMeyi, ngoko akukho ndawo zishushu kwaye akukho ndawo zomileyo, nkqu nokufa ngokwako akunaloyiso. Masibe naye Yena, Bawo. Mnike Yena, ngokuninzi, kulo lonke ikholwa apha ngobubusuku, njengoko bebelinde kweligumbi.

¹⁴⁸ Abaninzi kubo kufanele baqhube endleleni ngobubusuku, njengoko besiya kumakhaya abo, kwaye oku kunga kungaba yingcinga yabo, “Ndiphila kwelaThende. Ndiphila phaya, ndisela okutsha, iyure neyure.”

¹⁴⁹ Kwaye ukuba abakakwamkeli oko, okwangoku, banga bangamamkela Yena ngoku, ukuze babenakho ukuthabatha iThende kunye nabo. “Ndiyakuhamba nawe; Ndiyakuba nawe de kupheliswe iphakade.” Siphe ezi zinto, Bawo.

¹⁵⁰ Kwaye ngoku ngelixa sisathobise iintloko zethu, ingaba kukho bani apha, ngobubusuku, okanye bangaphi abayakuthi, “Nkosi, ndithathe undise kwelaThende njengangoku. Andizanga apha ukuzakuba nje; ndize apha ukuze ndifumane Okuthile. Ndize apha ukuze ndifumane Wena, Nkosi.

Ndinesidingo ngaWe ngobubusuku. Ngena entliziyweni yam kanye ngoku. Ungakwenza oko, Nkosi?" UThixo akusikelele. INkosi isikelele wonke ubani.

¹⁵¹ Bawo, Uyazibona izandla, nangaphezulu najikelele kodonga, kwaye nakwamanye amagumbi, ngaphandle. U—Uyababona bona, Bawo. Ndi—ndiyathandaza okokuba Uyakubanika yonke into abayisweleyo. Mhlawumbi bebesela kwiqula elidala elithile, Nkosi, nje ekuphumleni embindini apho indoda ethile yombe iqula, lingcoliseke zizo zonke iimfundiso ezingaqhelekanga, eziphika iLizwi. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngobubusuku bayakuza kuYe Lowo ulelaa Thende, elaa Thende loBomi. Siphe oko, Bawo. Ndibanikela kuWe ngoku ngeGama likaYesu.

¹⁵² Kwaye Undixelele, "Ukuba ucela nayiphi into eGameni Lam, iyakwenzeka." Ngoku, andisayi kucela oku, Nkosi, ukuba bendingacingi ukuba ibiyakwenzeka. Bendiya—bendiyakuba ndikutsho nje oko njengesithethe sesiqhelo. Kodwa ndiyabathandazela, ngokunyaniseka. Ndiyabathandazela, ndikholwa ukuba Uyakunika oko Ukuthembisileyo.

¹⁵³ Kwaye ngoku ndiyabasusa kwela qula ngobubusuku. Ndiyabasusa kwindawo ebebesela kuyo, apho bangonelisekiyo khona; ukubasa kweliThende. Ndikwenza oku eGameni likaYesu Kristu.

¹⁵⁴ BangaBakho, Nkosi. Mabasele Kuwe, Amanzi aphilileyo, iThende laManzi aphilileyo. NgeGama likaYesu, ndiyakucela oku. Amen. Siphe oko, Nkosi.

Owu, kuqukuqela okuhle
Okundenza ndibe mhlophe jengekhephu;
Akukho limbi ithende endilaziyo,
Kuphela kodwa liGazi likaYesu.

Yintoni engahlamba isono sam?
Kuphela kodwa liGazi lika Yesu;
Yintoni engandenza ngwele kwakhona?
Kuphela kodwa liGazi likaYesu.

Owu Yesu, philisa ezi, Nkosi! Siphe oko, Nkosi, ngeGama likaYesu. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba U...?...Wena wazi iinto zonke.

Akukho thende limbi ndilaziyo,
Owu, kuphela kodwa liGazi lika... .

¹⁵⁵ Yicinge, akukho thende limbi endilaziyo! Andazi enye into kodwa Yena. Andinqweneli kwazi enye into kodwa Yena. Kuphela liGazi likaYesu! Owu!

Owu, kuqukuqela okuhle
Okundenza ndibe mhlophe njengekhephu;
Akukho thende limbi endilaziyo,
Owu, kuphela kodwa liGazi likaYesu.

¹⁵⁶ Ngelixa sicula oko kwakhona, masixhawulaneni ngezandla omnye nomnye. Niyathandana? Ingaba kukho bani apha onento ngakomnye? Ukuba ukho, hamba uye kuyilungisa. Ungaya? Masingemki apha ngolohlobo. Yabona? Ukuba unokungalunganga ngakomnye, hamba uye kuyilungisa, kanye ngoku. Kanye ngoku lithuba lakho ukuya, uthi, “Mzalwana, dade, ndithethe into ngawe, ndicinge into. Bendingajonganga ukwenza lonto. Ndixolele.” Yabona, yilo ndlela yokuyenza. Masibe neloThende kanye apha phakathi kwethu, lonke ixesha. Yabona?

Akukho thende limbi endilaziyo,
Kuphela kodwa liGazi likaYesu.
Owu, kuqukuqela okuhle
Okundenza ndibe mhlophe njengekhephu;
Owu, akukho thende limbi endilaziyo,
Kuphela kodwa liGazi likaYesu.

¹⁵⁷ Owu, Akamangalisi? Akukho thende limbi! Asokuze sizityhefe ngezinye izinto. Sizahlule, sishiye ihlabathi ngasemva. Asisafuni kwakhona amatswele aseYiphutha namaqula aqhekekileyo. Siseluhambeni kunye neNkosi uYesu, elaa Litye libethiweyo, amen, sitya iMana esuka ngaseNtla, kwaye sisela; sisitya Ukutya kwee ngelosi, kwaye sisela eLityeni. Amen!

Akukho thende limbi ndilaziyo,
Kuphela kodwa liGazi likaYesu.

Ngoku masithobiseni iintloko zethu.

¹⁵⁸ Sithandaza ukuba uThixo uyakusikelela kakhulu ngobutyebi ngamnye kuni, ukuba ubabalo Lwakhe nenceba ziyakuba nani kuleveki izayo. Kwaye ukuba nayiphina into enokwenzeka, ukuba omnye wenu unokutyibilikela ngaphaya komkhusana ngoku, khumbula nje ukuba ziyyure nje ezimbalwa zokulala nokuphumla side sihlangane. Khumbula, ukuba, “Abo basadla ubomi nabaseleyo abasayi kubaphangela abo baleleyo, ngokuba iXilongo likaThixo, elaa Xilongo lokugqibela...” Elesithandathu lisandula ukuhlokoma. Kwaye ela Xilongo lokugqibela, njengeTywina lokugqibela, iyakuba kukuBuya kweNkosi. “Liyakuvakala, baze abafele eNkosini bavuke kuqala.” Phumla nje kude kube leloxesha.

¹⁵⁹ Kwaye ukuba unokuthi ulimale, khumbula:

Thabathela iGama likaYesu kuwe,
Njengekhaka kuso sonke isabatha;
Kwaye xa izilingo zikujikelezile zihlangene,
Phefumla nje elaGama lingcwele
ngomthandazo. (Amadimoni ayakubaleka.)

¹⁶⁰ Khumbula nje, sithemba ukudibana nani apha kwiCawa elandelayo kusasa. Zisani abagulayo nabaxhwalekileyo.

Ndiyakube ndinithandazela. Nindithandazele ngoku. Niyakukwenza oko? Yithini, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ndizakunithandazela, ukuba uThixo asikelele.

. . . iGama ngomthandazo.

Gama elihle, iGama elihle, Owu alimnandi!

Themba lehlabathi novuya lweZulu;

Gama elihle, Owu alimnandi!

Themba lehlabathi novuyo lweZulu.

EGameni likaYesu siyathoba,

Silala ngesisu ezinyawen Zakhe,

Kumkani wookumkani eZulwini

siyakumthwesa isitshaba Yena,

Xa uhambo lwethu lugqityiwe.

Gama elihle, iGama elihle, (alimnandanga
kwaye lilihle?)

Themba lehlabathi novuyo lweZulu;

Gama elihle, Gama elihle, Owu alimnandi!

Themba lehlabathi novuyo lweZulu.

¹⁶¹ Kusoloko kunzima ukunishiya. Nangona ndisazi ukuba niyavutha, kodwa kukho nto ithile emalunga . . . Masi, ivesi ibenye yento ethile, ningayenza lonto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ningayenza lonto? *Sikelelwe IQhina EliHlanganisayo*, dade. Bangaphi abayaziyo ingoma endala? Sasiqhele ukuyicula, kwiminyaka eyadlulayo.

¹⁶² Kwaye bencinga, ngobubusuku, “izandla ezibini, ekhulwini, ezishiyekileyo,” xa sasiqhele ukucula elaa culo emnqubeni, size sihlanganise isandla somnye nomnye. *Sikelelwe IQhina EliHlanganisayo*. Ndabangcwaba abaninzi babo, kanye phaya emadlakeni. Balindile. Ndiyakubabona kwakhona. Ndiyababona, kanye ngelinye ithuba, embonweni, xa ndijonga ngaphaya komkhusane. Balapho.

Masithobiseni iintloko zethu ngoku njengokuba sicula.

Sikelelwe iqhina elihlanganisa

Iintliziyo zethu kuthando lobuKristu;

Ubudlelwane . . .

Bufana nobuya bangaSentla.

Xa si . . .

Ngoku yiya kwaye ubambe isandla somnye.

. . . sahlukane,

Ngoku thoba intloko yakho.

Isinika intlungu ngaphakathi;

Kodwa futhi siyakudityaniswa ngentliziyo,

Kwaye sithemba ukuba sohlangana

kwakhona.

¹⁶³ Ngeentloko zethu zithotywe. Ndinikezela umhlangano kumalusi ngoku, kuze kuchithakalwe e . . .



AMAQULA AQHEKILEYO XHO64-0726E
(Broken Cisterns)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa ngokuhlwa, ngoJuly 26, 1964, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org